**Izixhobo Ezifunekayo:**

- Oonotsheluza bamagama.
- Imifanekiso yezixhobo ezizizo ukucacisa igama (ukuba kuyimpumelelo).
- Amacwecwe abafundi okufunda.

**I-Orali:**

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Cacisela abafundi ukuba uzakufunda ibali ze ubuze imibuzo ebhekiselele kwibali.
3. Ngaphambi koko kufaneleke ukuba sifunde amagama amatsha.
4. Phakamisa unotsheluza omnye ze ubize igama kabini, ngoku abafundi bekujongile.
5. Ukuba unawo umfanekiso wesixhobo esisiso, bonisa abafundi.
6. Apho kukho imfuneko, buza intsingiselo yegama kubafundi-mabakubonise okanye bayicacise.
7. Okulandelayo, abafundi mabafunde igama- beyiklasi, bengamaqela okanye bengabanye.
8. Xelela abafundi ukuba bajonge ubume nobude begama, kunye nonobumba wokuqala. Abafundi kufuneka balikhumbule ukuba lime njani igama. Baxelele ukuba bathathe umfanekiso wegama ngamehlo abo.
9. Yazisa igama elilandelayo kwangoluhlobo.
10. Bonisa onootsheluza bamagama amabini, xelela abafundi abohlukeneyo ukuba bafunde igama.
11. Qhuba ngale ndlela kude kuphele amagama esi sifundo.
12. Phinda ujonge amagama wonke kwakhona.
13. Ukuba kukho abafundi abasasokoliswa ngamanye amagama, gxininisa ubancede kuwo lo magama.

## READING: PHONIC DECODING / UKUFUNDA: UPHUHLISO ZANDI

1. Uphuhliso zandi kuxa ubiza amagama ngokwezandi zawo.
2. Ukuba umfundi uyafunda, ze afumane ubunzima myalele ukuba abize izandi zegama elo ukuze alazi igama.
3. Mncedise umfundi ngesandi sokuqala ukuba ufumana ubunzima.
4. Xa sele egqibile ukuzibiza zonke umfundi izandi ngokonwabu, yithi makaphinde azibize ngokukhawuleza kweli tyeli.
5. Sebenzisa izandla zakho ukubonisa umfundi ukuba abize izandi zonke ade alive igama.
6. Umzekelo:
   a. Umfundi akakwazi ukufunda “uhadi”.
   b. Mcele ukuba alibize elo gama.
   c. Mnike isandi sokuqala, ‘u’.
   d. Mncede ukulibiza ucotha: u…h…a……d……i
   e. Mcele ukuba alibize kwakhona,ngokukhawuleza : u…h…a… d…i
   f. Sebenzisa izandla zakho ukubonisa umfundi ukuba abize izandi , umcele ukuba alibize ngokukhawuleza:uha…di.
   g. Kwakhona: uha…di.
   h. Kengoku igama: uhadi
7. Ezinye iindlela zokuncedisa uphuhliso zandi zifana nezi :
   a. Ukucela umfundi afunde isigaba esinye segama, aze abize izandi zesinye isigaba segama
   b. Ukujonga isakhi segama esisekuqaleni nesisekugqibeleni, umzekelo:
      kha-la
   c. Ukunceda umfundi ohlule igama elide libe ngamalungu
8. Qaphela: Esi sisakhono esinzima kakhulu. Nika abafundi uncedo olukhulu kuqala, yiba nomonde, ubanike namathuba amaninzi ukuba baziqhelanise.

## READING: SHARED READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NOTITSHALA

**Izixhobo Ezifunekayo:**

- Oonotsheluza abanamagama ajongwa afundwe (look and say words)
- Itekisi ezakufundwa

**Qaphela:**

- Xa kufundwa notishala bonke abafundi bafunda itekisi enye. Kungaba yincwadi enkulu, ingaba yiyo nayiphina itekisi eqhelekileyo, njengencwadi yokufunda yeDBE.
- Injongo yokufunda notishala kukuba abafundi balive ibali njengomfundi (reader) onamava okufunda.
- Loo nto ithetha ukuthi kufanele bakhuthazwe abafundi ukuba balandele ibali, baliqonde, kwaye bacinge nangabalinganiswa.
- Abafundi bawukwazi ukufunda ngokungalindelekanga, njengokuba befunda, kwaye bawabone amagama asephepheni.
- Kufuneka usebenzise isifundo sokufunda notishala njengethuba lokufundisa igrama nesigama kubafundi. Enza oku ngokungalindelekanga xa ubona iimpawu zetekisi. Umzekelo, ungagxininisa ngendlela isenzi esitshintsha ngayo ukubonakalisa ixesha (tense).
- Uzakuba nezifundo ezine zokufunda notitshala kwiveki nganye. Uyacelwa ukuba wenze ezi zifundo zilandelayo kwezo zifundo zine:

**ISIFUNDO 1: NGAPHAMBI KOKUFUNDA (PRE-READING)**

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Fundisa abafundi amagama akoonotsheluza.
3. Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zeDBE kwiphepha elichanekileyo.
4. Xelela abafundi bajonge isihloko sebali nemifanekiso.
5. Cela abafundi baxele / baqashele ukuba ibali lingantoni na ngokujonga kwisihloko nemifanekiso.
6. Yalela abafundi bakhangele bachonge amagama akoonotsheluza kwitekisi.

**ISIFUNDO 2: UKUFUNDA EKUQALENI (FIRST READ)**

1. Hlaziya / qhelanisa abafundi namagama ajongwa afundwe.
2. Emva koko, yenza umfuziselo / bonisa abafundi indlela yokufunda itekisi ngokuvakalayo, ngokucacileyo nangokufanelekileyo, ngelixa abafundi belandela ezincwadini zabo.
3. Funda ngesantya esisiso – ungacothi xa ufunda, ungafundi ngelizwi elingathi leliculayo.
4. Kwibali lonke, phumla xa ufunda ubuze imibuzo ukuqinisekisa ukuba abafundi bayayiqonda itekisi.
5. Ekupheleni kwetekisi, nika abafundi umzuzu wokucinga ngetekisi, uze ubuze imibuzo ngetekisi. Umzekelo: Ingaba ulithandile ibali okanye hayi? Ngoba? Ngubani ofuna ukundixelela?

**ISIFUNDO 3: UKUFUNDA KWESIBINI (SECOND READ)**

1. Funda ibali ngokuvakalayo kwakhona, ngeli xesha unike abafundi ithuba lokuba bafunde nawe. Fundela phezulwana nangesantya esisiso – ungasithobeli abafundi isantya sokufunda.
2. Ekupheleni kwephepha okanye kwecandelo ngalinye, xoxa ngophuhliso lwesigama, ukuqonda okufundiweyo, uphuhliso lwezandi nokwakhiwa kwetekisi (igrama, iimpawu zokubhala, njalo njalo.)
3. Funda itekisi kwakhona – ngeli thuba, cela amaqela awohlukeneyo nabafundi abambalwa bafunde itekisi ngokuvakalayo nawe. Bonke abanye abafundi mabafunde balandele ezincwadini zabo ngeli xesha.

**ISIFUNDO 4: NGASEMVA KOKUFUNDA (POST-READING)**

1. Kwesi sifundo, yenza umsebenzi owenziwa emva kwesifundo sokufunda.
2. Ungenza isifundo sokuqondisisa ngomlomo (oral comprehension task) – imibuzo ifakelwe kwinkqubo yokufunda.
3. Ungacela abafundi babalise ibali kwakhona kumaqela abo, okanye babalisele abalingane babo.
4. Ungabeka abafundi kumaqela ubacele benze umdlalo wendawo ethile ebalini.
5. Ungabuza eminye imibuzo ekwinqanaba eliphezulu ezakukhokelela engxoxweni. Umzekelo: Ingaba ucinga ukuba kufanelekile ukuthatha into engeyoyethu, Ucinga ukuba ingafaneleka nini into enjalo, ngoba?
6. Ukuba ufuna isifundo esizakwenziwa kuthulwe, cela abafundi bazobe umboniso othile ebalini, bafakele iilebhuli kumfanekiso, okanye babhale isihlokwana somfanekiso / somzobo.

**JIKELELE / NGOKUBANZI:**

- Qinisekisa rhoqo ukuba ukufunda notitshala ngamava awakhayo kubafundi.
- Bancome xa bezama.
- Vumela abafundi balonwabele ibali.
- Ukwakhiwa kokuzithemba nokukholelwa ngeyona nto ibalulekileyo xa kufundwa.



## READING: GROUP GUIDED READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NGAMAQELA NGONCEDO LUKATITSHALA

**Qaphela:**
- Ukufunda ngokwamaqela kuxa abafundi befundela utishala kumaqela amancinci.
- Injongo yokufunda ngokwamaqela kukuvumela utishala ukuba asebenze nabafundi ukuphucula izakhono zabo zokufunda.
- Loo nto ithetha ukuba abafundi mababe kumaqela apho IZINGA LOBUKRELEKRELE LILINYE – abafundi kumaqela mababe nobunzima obufanayo nezakhono ezifanayo.
- Loo nto ithetha ukuthi, ukuba utishala unceda umfundi omnye, uyakube enceda abafundi BONKE.
- Kubalulekile ukuhlaziya indlela owayile ngayo amaqela akho ukuze abafundi bafunde nabafundi abakwinqanaba elifanayo.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Oonotsheluza bamagama ajongwa abizwe.
- Itekisi yokufunda.
- Imibuzo yomlomo esekelwe kumhlathi.
- Incwadi yakho yokurekhodisha ukuhlola.

**I-Orali:**
1. Qinisekisa ukuba abafundi bayazazi ukuba bakweliphi iqela lokufunda – nika iqela ngalinye igama.
2. Bizela iqela kwindawo/ kwikona yokufundela. Le kufuneka ibe yindawo eklasini apho unokukwazi ukuhlala neqela labafundi, ngaxeshanye ubone bonke abafundi apha eklasini.
3. Fundisa abafundi ukuba beze ngokukhawuleza kule kona, kwaye baphathe iincwadi zabo zokusebenzela ze DBE.
4. Hlala kwisangqa kunye neqela elo.
5. Fundisa abafundi amagama ajongwa afundwe.
6. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba bajonge isihloko sebali kwakunye nemifanekiso, kwaye baqikelele ukuba ibali lingantoni.
7. Vumela abafundi bazifundele itekisi ngokuthe cwaka.
8. Fundela abafundi itekisi ukhwaze. Mabalandele ke kwiincwadi zabo.
9. Okulandelayo, phula-phula umfundi ngamnye ezifundela itekisi, indawana yetekisi ngaphandle kokuncediswa.
10. Nceda abafundi ngobuchule “bokuhlasela amagama” ngokuthi wenze umfuziselo okanye isikhokelo.

    **Umzekelo:**
    - Ingaba liyavakala kuwe?
    - Leliphi igama elinokuvakala ngcono kwesi sivakalisi?
    - Jonga kumfanekiso, ucinga ukuba ungantoni?
    - Ingalilo elo gama, kodwa jonga isandi sokuqala kwakhona.
    - Zama ukubiza izandi zegama elo.

    a. Qwalasela igama – linezigaba ezibini. Ingaba uyasibona isigaba sesibini ukuba sithini na? Ewe, bawo. Ngoku biza izandi zesigaba sokuqala…d…a…d….o. Ungalifunda lonke

igama? Dadobawo.

b. Ingaba uyakhumbula sifunde amagama anesandi u 'ali'? Ingaba uyalibona eli gama ukuba lino 'ali'? Ngoku jonga ilungu lokuqala. 'im-'. Biza izandi zegama lonke. i…m…a…l…i… imali.

11. Njengokuba abafundi befunda, gxininisa kwizakhono zabo nobunono. Bancedise ukuphimisela amagama ngendlela eyiyo, ukukhumbula ukujonga nokubiza amagama, bephucula ukufunda kwabo gabalala.
12. Buza umfundi ngamnye umbuzo okhawulezileyo ukujonga ukuba uyaliva na ibali.
13. Bancome abafundi ngemizamo yabo ukukhulisa ukuzithemba.
14. Phawula kuhlolo olungekho sesikweni ngenkqubela yomfundi ngamnye kwincwadi yakho yokurekhodisha.
15. Xa bonke abafundi sele befundile ngabanye, baxelele ukuba bafunde isifundo kwakhona. Mabakwenze oku ngokuthi bafunde itekisi yonke kwakhona kuthe cwaka.
16. Buza abafundi ke ngoku imibuzo yokuqonda esesikweni nemibuzo yengxoxo ukwakha isigama, igrama nokuqonda okuphangaleleyo lwetekisi.
17. Khumbula: Ukuyiqonda into oyifundayo kubalulekile!



## READING: PAIRED AND INDEPENDENT READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NGABABINI NANGABANYE

1. Ukufunda ngababini nangabanye kungenziwa naninina, xa abafundi begqibile ukwenza umsebenzi wabo, okanye xa unemizuzu onokuyisebenzisa.
2. Kwaye, fundisa abafundi bafunde ngababini nangabanye xa uphulaphule ukufunda kwamaqela. Xa abafundi begqibile ngomsebenzi obhalwayo, mabaqeqeshwe baqhele ukulanda incwadi baze bazifundele ngokuthe cwaka okanye bafunde nomlingane.
3. Le ncwadi ingayincwadi efundwa ngamaqela, incwadi yokusebenzela yeDBE, okanye nayiphi na incwadi 'eyonwabisayo' efumanekayo nenokufundwa ngabafundi.
4. Zama ukukhetha iincwadi ezifanele abafundi uzibeke kwindawo enye, uze uqeqeshe abafundi bahambe bakhethe incwadi ngokuthe cwaka. Kwaye khumbula ukubaqeqesha ukubuyisa incwadi ekupheleni kwexesha lokufunda.
5. Fundisa abafundi ngobuchule bokusebenzisa iminwe emihlanu xa befuna uncedo ngokufunda ngababini okanye bodwa:
   - Ubhontsi: lishiye igama usifunde sonke isivakalisi.
   - Umnwe wokuqala: jonga emfanekisweni.
   - Umnwe wesibini: jonga igama ubone uba akho na amalungu owaziyo egameni.
   - Umnwe wesithathu: funda izandi ozaziyo zegama elo.
   - Umnwe wesine: Cela uncedo lokufunda igama okanye ukwazi intsingiselo yalo.

## READING: READ-ALOUDS / UKUFUNDA: UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO KUKATITSHALA

1. Alikho ixesha elisesikweni lokufunda ngokuvakalayo.
2. Zama ukufumana ixesha lokufundela abafundi ngokuvakalayo ngexesha lokufundisa. Oku kungenziwa phambi kwexesha lokudlala okanye ekupheleni kwemini. Kungenziwa oku xa abafundi bezoba umfanekiso okanye befakela imibala.
3. Khetha incwadi abafundi abazokuyonwabela, enabalinganiswa abanika umdla, enebali elimnandi okanye elihlekisayo.
4. Hlalisa abafundi ngocwangco phambi kokuba ufunde, baqeqeshe baphulaphule ngokuthe cwaka xa kufundwa.
5. Funda ngelizwi elicacileyo nelivakalisa uvakalelo.
6. Bonisa abafundi imifanekiso xa ufunda. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona imifanekiso.
7. Ngelixa ufunda, buza imibuzo ukhangele ukuba abafundi bayakuqonda okufundwayo na. Khumbula ukubuza imibuzo ngokwamanqanaba awohlukeneyo.
8. Ekupheleni kwecandelo okanye kwephepha, yila ingxoxo yokwakha isigama, ukuqonda, uphuhliso lwezandi, igrama nobuchule bokusetyenziswa kweempawu zokubhala.
9. Ukuba ufunda ibali elide, ungalivumeli ixesha elide lidlule phakathi kwamacandelo afundwayo. Akufuni abafundi balibale umxholo webali.
10. Sebenzisa ezi zifundo ukuzama ukwakha uthando lwamabali nokufunda kubafundi.



## LISTENING & SPEAKING LESSONS / IZIFUNDO ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ixesha lezifundo Zokuphulaphula Nokuthetha litshintshiwe. Ngoku uzakulandela la maxesha angezantsi ukufundisa ezi zifundo.

Lwesine: Imizuzu engama 30
Lwesihlanu: Imizuzu eli 15

Uzakuqhubeka usenza ezi zifundo njalo kwiiveki ezimbini (2 week cycle). Sebenzisa eli xesha lingezantsi.

| | | |
|---|---|---|
| Iveki 1 NgoLwesine | Imizuzu emi 5 | Umsebenzi Wepowusta |
| | Imizuzu eli 10 | Igalelo likatitshala – cacisela abafundi ngomsebenzi wohlolo. |
| | Imizuzu eli 15 | Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo. |
| Iveki 1 NgoLwesihlanu | Imizuzu emi 5 | Umbongo / Ingoma / Umdlalo |
| | Imizuzu eli 10 | Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo. |
| Iveki 2 NgoLwesine | Imizuzu emi 5 | Umsebenzi Wepowusta |
| | Imizuzu engama 25 | Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo. |
| Iveki 2 NgoLwesihlanu | Imizuzu emi 5 | Umbongo / Ingoma / Umdlalo |
| | Imizuzu eli 10 | Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo. |

Unemizuzu engama 60 yokuphulaphula kubo bonke abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo.

Zama ukusebenzisa ubuchule (creative) uphulaphule abafundi abangaphezu komnye ngexesha xa ukwazi.

Kwaye, sebenzisa naliphi na ixesha elikhoyo, uphulaphule abafundi abambalwa xa abafundi besebenza bebodwa (independently).

## LISTENING & SPEAKING: POSTERS / UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: IIPOWUSTA

**Qaphela:**
- Uzakwenza umsebenzi kwipowusta imizuzu elishumi ngoLwesine.
- Kwiveki enye, uzakuba neengxoxo ngepowusta.
- Kwiveki elandelayo, uzakufundisa abafundi amagama amatsha akwipowusta.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ipowusta esiyinikiweyo.
- Uludwe lwemibuzo yengxoxo / amagama asetyenziswayo/ imiyalelo.

**Amalungiselelo Emisebenzi Yonke Yeepowusta:**
1. Lungisa iklasi ukuze bonke abafundi babenako ukuyibona ipowusta.
2. Yibeke ngononophelo ipowusta endaweni ebonakalayo.
3. Biza abafundi ukuba bahlale ngocwangco emethini. Cula ingoma okanye udlale umdlalo wenzele ukuba abafundi baye ngokukhawuleza emethini.

**Ingxoxo ngePowusta:**
1. Xelela abafundi ukuba bajonge ipowusta ngononophelo.
2. Bacacisele ukuba xa ubuza umbuzo, ukuba bayawuphendula, mabaphakamise isandla.
3. Buza imibuzo wakugqiba uvumele abafundi abohlukeneyo baphendule.
4. Phendula imibuzo yabafundi. Ukuba baphendule into eyiyo, bakhuthaze ubancome. Ukuba basondele kwimpendulo eyiyo, baxelele, kwaye ubuze kwakho omnye umbuzo. Ukuba baphendule into eyiyo, baxelele impendulo wakugqiba ubabulele ngokuzama. Buza omnye umfundi.
5. Buza imibuzo ngqo. Loo nto ithetha ukuba uyakubuza abafundi abathile ukuba baphendule imibuzo.
6. Banike imibuzo, le mibuzo yicakacele abafundi bonke abaseklasini – buza abafundi abohlukahlukeneyo.
7. Kwimibuzo embaxa, xelela abafundi ukuba basebenze ngababini. Buza imibuzo ze uxelele abafundi ukuba mabayixoxe impendulo noogxa babo.
8. Ngoku, hlalisa abafundi ze ubuze omnye okanye ababini abafundi baxoxe ngeempendulo zabo neklasi.
9. Qiniseka ukuba uzabaxelela ngemibuzo embaxa, ayinampendulo eyiyo. Abafundi mabazame ukunika isizathu sempendulo abayinikayo.

**Isigama sePowusta:**
1. Yiba noluhlu lwamagama akwipowusta.
2. Xelela abafundi ukuba bajonge ipowusta ngononophelo.
3. Xelela abafundi ukuba uzakubiza igama, ke ufuna umfundi abe mnye akhombe elo gama kwipowusta.
4. Biza igama lokuqala ube sele uvumela umfundi omnye okanye ababini bakhombe igama kwipowusta

5. Okulandelayo, buza abafundi ukuba bangakwazi na ukulicacisa igama. Vumela umfundi omnye okanye ababini baphendule.
6. Okokugqibela, xelela abafundi ukuba basebenze ngababini basebenzise igama kwisivakalisi. Bayeke baxoxe okwexeshana, cela isibini esinye okanye ezibini zabelane ngezivakalisi.
7. Bonisa abafundi ukuba libhalwa njani igama ngokuthi ulibhale ebhodini.
8. Qhuba wenze njalo nangamanye amagama akuluhlu lwakho.

.

## LISTENING & SPEAKING: GAMES, SONGS, RHYMES / UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: IMIDLALO, IINGOMA,IMIBONGO

**Qaphela:**
- Uzakwenza umdlalo/ingoma/umbongo imizuzu elishumi kwisifundo sangoLwesihlanu.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Umdlalo, ingoma okanye umbongo okhethiweyo.

**Ukuzilungiselela:**
- Hlalisa abafundi ngocwangco kwiidesika zabo okanye kwindawo evulekileyo, kuya ngokomsebenzi ozakuwenza.

**IINGOMA /IMIBONGO**
- Fundisa abafundi ukucula iingoma okanye ukucengceleza imibongo.
- Zama ukukhetha iingoma nemibongo eneentshukumo. Khuthaza bonke abafundi bathathe inxaxheba kwaye benze neentshukumo.
- Khuthaza abafundi bonwabele isingqisho nolwimi lweengoma nemibongo, khankanya izandi eziphindwayo, izingqisho ezicothayo nezinamendu, nantoni na eyonwabisayo kwingoma nombongo lowo.
- Ubuchule obububo kukufundisa abafundi iingoma namabali aqhelekileyo kwizinto ezenziwa rhoqo eklasini. Umzekelo, 'Le yindlela yokuvala iincwadi , yokuvala iincwadi, yokuvala iincwadi. Le yindlela yokuvala iincwadi, xa sigqibile ngomsebenzi.'

**IMIDLALO**
1. Dlala umdlalo nabafundi okhuthaza ukukhula nokuthethwa kolwimi ngokonwaba.
2. Cacisela abafundi ngemithetho yemidlalo ukuze abafundi bakwazi okulindelekileyo kubo.
3. Ungadlala umdlalo wolwimi lwakho, okanye omnye wale ilandelayo imidlalo:

**USimon uthi:**
- Abafundi bakopa okwenziwa ngutitshala xa esithi 'USimon uthi yenza lento' enze emlinganisa.
- Abafundi abamlinganisi utitshala xa esithi 'Yenza oku' ze angakwenzi.
- Ukuba umfundi uyawushukumisa umzimba xa utishala esithi 'Yenza Oku', umfundi uyakukhutshwa emdlalweni.

**Ndiye evenkileni ndathenga…**
- Lungisa abantwana kwizangqa ezili 10.
- Yonyula inkokheli yeqela – umfundi okwaziyo ukugcina imiyalelo nonezakhono zokukhokela.
- Khumbuza abafundi ngezinto zonke abazibonileyo kwipowusta. Baxelele ukuba bazakudlala umdlalo wokuya kuthenga ngokwakule powusta.
- Inkokheli yeqela makathi uthenge into nokuba inye. Umzekelo:

'Ndiye evenkileni ndathenga intyatyambo.'

- Umntu osecaleni kwenkokheli makathi uthenge izinto ezimbini. Umzekelo: 'Ndiye evenkileni ndathenga intyantyambo kunye nethanga.'
- Umntu olandelayo makathi uthenge izinto ezintathu. Umzekelo: 'Ndiye evenkileni ndathenga intyantyambo, ithanga, kunye nomnqwazi.'
- Ukuba omnye weqela ulibele into ethengwayo, makaphume emdlalweni.
- Qhubani de kushiyeke umfundi abe mnye. Lo ngophumeleleyo.

**Imibuzo engamashumi amabini**

Dlala lo mdlalo neklasi yonke.Utishala makawulawule umdlalo.

- Yenza umfundi omnye 'umcingi'. Umcingi ucinga ngomntu, indawo okanye into ephathekayo (eyaziwayo nguwonke wonke).
- Abanye abafundi mababuze imibuzo kwaye bazame ukuqashisela ukuba yintoni ephethweyo, umcingi angaphendula kuphela ngokuthi 'ewe' okanye 'hayi'.
- Abafundi abaqashelayo mabazame babize umntu, indawo okanye into leyo kanga ngamashumi amabini.
- Umfundi oqashele ngendlela eyiyo uba ngumcingi olandelayo.

## LISTENING & SPEAKING: ASSESSMENT ACTIVITIES / IMISEBENZI YOKUHLOLA UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

**Qaphela:**

- Njalo kwiiveki ezimbini uzakwenza umsebenzi wokuhlola kunye nabafundi bakho.
- Loo nto ithetha ukuba unezifundo ezi 4 zokuphulaphula umfundi ngamnye eklasini xa esenza umsebenzi.
- Nangona isifundo ngasinye sinomahluko, kukho izinto ekufuneka uziqhelanise nazo kwaye uzilandele. Nalu uluhlu ngezantsi :

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Xelela abafundi ukuba uzakwenza ntoni kwesi sifundo. Umz. Namhlanje, sizakuthetha ngento eyenzeke kuthi.
3. Qala ngokwenzela abafundi umfuziselo, njengokuba usenza kwizifundo zokubhala.

   **Yithi:**
   - Hmm, ndingathetha ngantoni? (Vala amehlo akho wenze ngathi uyacinga.)
   - Ndiyazi! Ndizakuxelela ngotyelelo lwam ezivenkileni ngoMgqibelo.
   - Ndizakuxelela ukuba kwenzeke ntoni kuqala, yintoni elandelayo eyenzekileyo ekugqibeleni.
   - Okokuqala, ndiye ndakhwela iteksi ndaya esixekweni nomama wam ngentsasa yangoMgqibelo.
   - Okulandelayo, besiye kwivenkile yezihlangu ndaze ndazithengela izihlangu ezintsha. Zizihlangu ezimhlophe ze Adidas, kwaye ndiyazithanda!
   - Okokugqibela, umama wam usithengele isiselo seCoke kunye nepayi. Sihleli epakini satya isidlo sethu sasemini.

4. Okulandelayo, cacisela abafundi ukuba ungantoni umsebenzi.

   **Yithi:**
   - Ngoku cinga ngamava omntu.
   - Xela izinto zibentathu.
   - Ndixelele ukuba kwenzeke ntoni kuqala.
   - Ndixelele ukuba kwaze kwenzeka ntoni emva koko.
   - Ndixelele ukuba kwenzeke ntoni ekugqibeleni.

5. Kengoku, nika abafundi indlela engabanceda babe nesakhono sokuthetha.

   **Umzekelo:**
   - Zama ukuma ungagungqi xa uthetha nam.
   - Zazi ukuba uzakuthini – zama ungathi ‘ummm’ okanye ‘aaahhh’.
   - Thetha ngelizwi eliqabavu, ukhwaze.

6. Ekugqibeleni, xelela abafundi xa bezakuthetha nawe.


**Umzekelo:**

- Ndifuna nonke ukuba nibuyele kwiitafile zenu niqhubeke nomsebenzi wenu wokubhala.
- Ke ngoku, ndizakunibiza nize etafileni yam, ngabanye ngabanye.
- Umfundi ngamnye uzakufumana elakhe ithuba lokuba aze kundixelela ngawakhe amava.
- Nceda ukhumbule ukusebenza ngokuthe cwaka.

Yenza ukuba ibe ngamava ayimpumelelo kubafundi. Bancome ngokuzama. Yakha ukuzithemba kubo ngokuthi ubabonise ukuba into abayithethayo ibalulekile.

# PROCESS WRITING AND WRITING STRATEGIES
## INKQUBO ELANDELWAYO YOKUBHALA NOBUCHULE OBUPHUHLISA UKUBHALA

KwakwiBanga lokuqala, siyafundisa abafundi ukuba ukubhala yinkqubo elandelwayo. Ngezantsi ngumshwankathelo olula wenkqubo yonke elandelwayo xa kubhalwa:




Utitshala uqala ngokubonisa inkqubo okanye umsebenzi kubafundi eklasini.

Xa abafundi bewuqonda umsebenzi, kufuneka bayile imibhalo yabo.

Xa becinge ngokwaneleyo baze bathatha izigqibo ngabazakubhala, abafundi basebenzisa abakuyilileyo ukubhala idrafti.

Xa umfundi ebhale idrafti, kufuneka ahlele loo drafti, okanye acele omnye umntu ahlele. Oku kubizwa ukuzihlela okanye ukuhlelwa ngumlingane.

Ababhali babhala itekisi yabo yokugqibela kwakhona baze banikele ngomsebenzi wabo.

1. Kwa NECT, kukho **UBUCHULE OBUPHUHLISA UKUBHALA** obusetyenziswa rhoqo.
2. Sifuna abafundi basebenzise obu buchule **benganyanzelwanga.**
3. Sisebenzisa obu buchule ukuzama **ukwenza abafundi bazithembe** ukuba bangabhala.
4. Sibonisa abafundi ukuba kukho **amanyathelo alandelelanayo** amawalandelwe qho bebhala.
5. Sifundisa abafundi ukuba **xa belandela la manyathel**o, bazakubhala **ngempumelelo**!
6. **Funda** ubuchule bokubhala obulandelayo:

# WRITING STRATEGIES

## TEACHERS MODEL WRITING FIRST / OOTITSHALA BENZA UMFUZISELO WOKUBHALA KUQALA

1. Utitshala ufanele ukubonisa abafundi indlela yokwenza umsebenzi / amanyathelo alandelwayo kuqala- ufanele ukwenza yonke into efanele ukwenziwa ngumfundi.
2. Emva kokuba utitshala ebonisile okufanele kwenziwe, abafundi bazakuba nomfanekiso ngqondweni ocace gca.
3. Utitshala kufanele axele ubuchule bokubhala obusetyenzisiweyo ukuzoba lomfanekiso ngqondweni walo msebenzi kubafundi.

## WRITERS THINK BEFORE THEY WRITE / ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE

1. Ukubhala linyathelo / sisenzo sokubeka iingcinga ephepheni.
2. Loo nto ithetha ukuba ababhali kufuneka bacinge kuqala ze bathathe isigqibo ngento ababhala ngayo phambi kokubeka imibono ephepheni.
3. Ikwathetha ukuba akukho zimpendulo zizizo nezingezizo xa kubhalwa – umbhali ngamnye ufanele ukuba neengcinga zakhe azakubhala ngazo.

## WRITERS WRITE WHAT THEY KNOW / ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO

1. Ababhali mabakhuthazwe babhale ngobomi babo namava abo, kuba oku kubanceda babhale imibhalo yenene neyiyiyo.
2. Kufuneka sibafundise ukuba ubomi babo bubalulekile kwaye kulixabiso ukubhala ngabo.

# WRITING STRATEGIES

## WRITERS ZOOM IN TO SMALLER MOMENTS / ABABHALI BANGQALA KUMZUZWANA OMNYE OMNCINANE

1. Ababhali mabakhuthazwe bangabhali amabali antsokothileyo.
2. Loo nto ithetha ukuba mabakhuthazwe bachonge owona mzuzwana abazakubhala bagxininise kuwo baze babhale ngokuthe gabalala.
3. Oku kubenzela lula ababhali futhi ke kukhokelela ekubhaleni ngempumelelo.

## WRITERS PLAN BEFORE THEY WRITE / ABABHALI BAYAYICEBA / BAYAYIYILA IMIBHALO YABO PHAMBI KOKUBA BABHALE

1. Yonke imibhalo eyiyiyo yeyiliweyo kuqala
2. Xa benzelwe UMFUZISELO wento yonke abafundi, lixesha lokuba baziqalele inkqubo yokubhala.
3. Iindlela zokuyila eziqatha kunga kukubhala uluhlu / uludwe lwamagama, ukwenza umfanekiso ngqondweni / imephu yengqondo, ukuphendula imibuzo okanye ukuyila uluhlu lwamanyathelo.

## WRITERS DRAW A LINE FOR EACH WORD / ABABHALI BAKRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE

1. Ababhali mababale inani lamagama akwisivakalisi, baze bakrwele umgca omele igama ngalinye.
2. Imigca mayikrwelwe ukusuka ngasekhohlo ukuya ngasekunene besuka nangasentla ukuya ezantsi.
3. Imigca mayibe nobude obulingana nobude begama ngalinye.
4. Izithuba mazishiywe phakathi kwamagama.
5. Ekupheleni kwesivakalisi umbhali makafakele isingxi.

## WRITERS USE RESOURCES TO WRITE WORDS / ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO ZOKUBHALA AMAGAMA

1. Ababhali mabafundiswe ukuba bangawabuzi kutitshala onke amagama abangawaziyo.
2. Kufuneka basebenzise ezinye izixhobo abanazo, ezinje: ngamagama akwibhokisi yamagama, amagama aseludongeni, izichazi magama, ezinye iincwadi, uluhlu lwamagama opelo, kwakunye noogxa babo eklasini.

## WRITERS SAY WORDS SLOWLY LIKE A TORTOISE / ABABHALI BABIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO

1. Fundisa ababhali babize igama abangalaziyo ngokucotha, bazame ukuchonga izandi ezahlukeneyo ezakha igama elo.
2. Xa besiva isandi, kufuneka basibhale.
3. Bangangalipeli igama ngokuchanekileyo, kodwa eli lizakuba linqanaba lokuqala lokubhala izandi ezingaziwayo.
4. Umzekelo u ama angabhalwa njengo am okanye m. Utitshala angongeza apha abonise umbhali upelo oluchanekileyo.

## WRITERS ADD DETAILS / ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA

1. Kumaxesha awohlukeneyo ebalini, abafundi mabakhangele ingaba kufanelekile na ukuba bafakele iinkcukacha.
2. Linkcukacha zenza imibhalo inike umdla.
3. Ezi nkcukacha ingaziinkcukacha ezichazayo, ezinje ngezichazi okanye izibaluli.
4. Ababhali abancinane bangafakela iinkcukacha kwimizobo yabo.

# WRITING STRATEGIES

## WRITERS READ WHAT THEY WRITE / ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO


1. Fundisa abafundi bafunde imibhalo yabo ngokuvakalayo.
2. Xa besenza oku, kufuneka bakhangele ukuba akukho magama ashiyiweyo na.
3. Kufuneka bazame ukufumanisa ukuba amagama alandelelana ngokuchanekileyo kwisivakalisi.
4. Abafundi bangazifundela ngokuvakalayo okanye bafundele umlingane / ugxa wabo.
5. Ukuba nababukeli (oogxa babo eklasini) xa bebhala kunika imibhalo yabo intsingiselo ecacileyo.

## WRITERS SELF-EDIT / ABABHALI BAYAZIHLELA

1. Ababhali kufuneka basebenzise imiqathango netshekhlisti abayinikiweyo xa behlela imibhalo yabo.
2. Itshekhlisti mayicaciswe gca kubabhali.
3. Ababhali mabafundiswe indlela yokulungisa iimpazamo abazifumanayo.

## WRITERS PEER EDIT / ABABHALI BAHLELA OOGXA / ABALINGANE BABO

1. Ababhali mabatshintshisane ngomsebenzi wabo nabalingane / oogxa babo, baze bahlele imisebenzi yoogxa babo besebenzisa itshekhlisti abayinikiweyo.
2. Qala ngokucacisa itshekhlisti gca.
3. Emva koko, cacisa indlela abalingane / oogxa abazakulungisa ngayo iimpazamo abazifumanayo.
4. Abalingane mabajonge yonke imiqathango ekwitshekhlisti.



## WRITERS REWRITE THE FINAL TEXT / ABABHALI BABHALA ITEKISI YOKUGQIBELA KWAKHONA

1. Emva kokuba umbhali ehlele waze wahlaziya itekisi, kufuneka ibhalwe kwakhona cocekileyo ukuze iboniswe.
2. Kufuneka sifundise abafundi bazingce ngemisebenzi yabo, baze bayibhale ngocoselelo kwakhona.



## TEACHERS AND WRITERS ENCOURAGE WRITERS / OOTITSHALA NABABHALI BAYABAKHUTHAZA ABANYE ABABHALI


1. Eyona nto ibalulekileyo xa ungumbhali onempumelelo kukwakha ukuzithemba ekubhaleni kwakho.
2. Ootitshala abavunyelwa kwaphela ukuba baphoxe ababhali.
3. Ababhali bafanele ukufundiswa ukuxhasa nokukhuthaza abalingane babo – kufuneka kubekho ukuthembana kwiklasi ekubhalwa kuyo.



## WRITERS TURN AND TALK / ABABHALI BAYAJIKA BAZE BATHETHE

1. Ababhali kufuneka ukuba bajike bajonge umlingane / ugxa wabo baze bathethe ngento abasebenza ngayo xa benika ingxelo.
2. Ababhali mabafundiswe ukutshintshisana baze baqale ukunika ingxelo ekhuthazayo.
3. Ungacela abafundi bakhangele into ethile nomlingane, umzekelo: xelela umlingane wakho ngento ozakubhala ngayo.

# WRITING STRATEGIES



## THUMBS UP, THUMBS DOWN / IMINWE PHEZULU, IMINWE PHANTSI

1. Nanini na, utitshala angayalela ababhali okanye oogxa babo ukuba bakhangele isakhono esithile kwimibhalo yabo.
2. Ukuba sifumanekile, umbhali / umlingane uzakubonisa “oobhontsi phezulu”.
3. Ukuba asifumanekanga, umbhali / umlingane uzakubonisa “oobhontsi phantsi”.
4. Utitshala angasebenzisa eli cebo / isicwangciso ukukhangela nokubona ukuba ngubani na ofuna uncedo.



## HOLD MINI CONFERENCES / YENZA UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE

1. Utitshala uhamba aye kwiqela labafundi enze udliwano ndlebe kunye nabo akhangele into abayenzileyo, abenegalelo kuloo msebenzi wenziweyo.
2. Bonke abafundi kwiqela elo bayaphulaphula babenegalelo.
3. Abafundi bafunda ukumamelana, baze bathi ngokuphulaphula kutitshala banike ingxelo kwabanye.



## WRITERS USE THEIR MEMORIES TO WRITE WORDS / ABAFUNDI BASEBENZISA IINKUMBULO ZABO UKUBHALA AMAGAMA

1. Ababhali bafanele ukufundiswa ukuba bangaceli kutitshala ukubhalelwa onke amagama abangawaziyo.
2. Abafundi mabafundiswe ukuzama ukukhumbula amagama abawafundisiweyo, baze babhale lamagama besebenzisa iinkumbulo zabo (memory).

**Morning Oral Work**

Sebenzisa eli xesha ukufunda amagama abafundi beklasi yakho, nabafundi bafunde amagama abanye abafundi eklasini.

1. Khomba kumfundi omnye.
2. Umfundi makaphakame abize igama lakhe ngokuvakalayo.
3. Nceda umfundi aqhwabe amalungu egama lakhe. (Utitshala nomfundi baqhwaba AMALUNGU egameni lomfundi , ngolu hlobo: Bu-si-si-we
4. Bonke abafundi baqhwaba amalungu egama lomfundi. (Bonke abafundi baqhwaba AMALUNGU egama lomfundi, njengo: Bu-si-si-we)
5. PHINDA nabafundi aba 8-12.
6. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye ufumana ithuba ELINYE UBUNCINANE kwisithuba esingangeveki.

**Phonics / Phonemic Awareness**
15 min

Seka INKQUBO YOKUHAMBISA IINCWADI eklasini yakho. Kufuneka ucinge ngoku:

- Zigcinwa phi iincwadi?
- Zigcinwa njani iincwadi? (Sicebisa ukuba ubeke iincwadi NGOKWAMAQELA okanye NGOKOMGCA / ROW, ukuze kubelula kwaye kukhawuleziswe ukuzinika abafundi.)
- Uzakubanika njani iincwadi ngexesha lesifundo? (Ekuqaleni kwesifundo, okanye emva kokuba wenze UMFUZISELO / UKUZEKELISA / MODELLING.)
- Uzakubanika njani iincwadi? (Sicebisa ukonyula ABANCEDI ZINCWADI / BOOK HELPERS abazokunika amaqela iincwadi zabo.)
- UZAKUZIQOKELELA njani iincwadi?

1. Namhlanje , NYULA ABAPHATHI ZINCWADI / ASSIGN BOOK MONITORS
2. Qhelanisa abafundi NGOKUNIKEZELA NGEENCWADI.
3. Yalela abafundi batyhile KWIPHEPHA LOKUQALA ELINGABHALWANGA ze BABHALE umhla NGOKUKHAWULEZA.
4. Qhelanisa abafundi NGOKUQOKELELWA KWEENCWADI.

## Group Guided Reading

15 min

Ngeli xesha, kuzakufuneka ufundise abafundi ngento abafanele ukuyenza xa utitshala esebenza neqela elincinane. Kufuneka baqhubeke nomsebenzi. Ukuba banombuzo ngento, kufuneka benze oko banakho BABIYELE indawo abanombuzo wayo. Sebenzisa eli xesha ufundise abafundi ngento amabayenze xa BEGQIBILE. Abafundi MABANGAZE bahlale bengenzinto. Kufuneka ukhethe into emayenziwe ngabafundi xa begqibile.

- Bangabhala NGOKUKHULULEKILEYO / FREE WRITING.
- Bangakhetha incwadi KWIKONA YOKUFUNDA.
- Bangafunda okanye benze umsebenzi KWINCWADI YOKUSEBENZELA YE DBE.

Phambi kwesi sifundo, kuzakufuneka uqinisekise ukuba AMAGAMA abafundi abhalwe apho azakubonakala khona. Oku kungangaphambili kweencwadi zabafundi, angabhalwa ngaphakathi kweencwadi, okanye abhalwe kwiphetshana elincinane. Abafundi abaninzi abazokwazi ukubhala amagama abo, ngoko ke kufuneka bakwazi ukukhuphela lo msebenzi.

1. Cacisa ukuba namhlanje, uzakusebenza neqela elincinane.
2. Xa usebenza, abafundi bazakusebenza ngokuthe cwaka bengabanye.
3. Cacisa ukuba abafundi bazakuwabhala AMAGAMA abo.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala amagama abo kathathu.
5. CACISA into efnelwe ukwenziwa ngabafundi xa BEGQIBA KUQALA.
6. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
7. Xa besebenza abafundi, yenza UHLOLO LWEQELA ELINCINANE.

Kwiveki ezayo, uzakubeka abafundi KUMAQELA AMANCINANE OKUFUNDA ngokwamanqanaba abafunda ngawo. Kule veki, kuzakufuneka uhlole bonke abafundi eklasini yakho. Yohlula abafundi babekumaqela ama 5 alinganayo ze uhlole IQELA ELINYE NGEMINI.

1. HLOLA IQELA ELINCINANE LABAFUNDI usebenzisa izandi zoonobumba NAMAGAMA ALISHUMI ASETYENZISWA RHOQO: i, yam, ne, mna, nam, wena, thina, sam, mama, tata
2. Yalela abafundi batyhile IFRIZI YE-ALFABHETHI NGAPHAKATHI KWEQWEQWE LWENCWADI YOKUSEBENZELA YE DBE 1.
3. Cela umfundi ngamnye. Khomba oonobumba abali10 abangalandelelaniyo kwifrizi ye-alfabhethi.
4. Cela abafundi bachonge isandi esenziwa ngunobumba.
5. Bonisa abafundi amagama ama 5 asetyenziswa rhoqo.
6. Cela abafundi bafunde la magama.
7. HLELA ABAFUNDI NGOKWAMANQANABA ABAFUNDA KUWO USEBENZISE LE RUBHRIKI ILANDELAYO:

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Umfundi akazazi izandi nawo onke amagama asetyenziswa rhoqo. | Lo mfundi wazi izandi zoonobumba abambalwa. Lo mfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo. | Umfundi uyazazi izandi zamagama athile. Umfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo amaninzi. | Lo mfundi uyazazi izandi zoonobumba abaninzi OKANYE uqonda amagama amaninzi asetyenziswa rhoqo. | Umfundi wazi izandi zoonobumba abaninzi. Lo mfundi uyawaqonda amagama asetyenziswa rhoqo. |
| Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 1 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 2 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 3 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 4 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 5 |

## Handwriting

30 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuzizoba ngosuku lokuqala esikolweni.
2. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzizoba ngosuku lwabo lokuqala esikolweni.
3. Nika abafundi iincwadi zabo.
4. Nika abafundi imizuzu emi 5 bazizobe.
5. Cacisa ukuba abafundi kufuneka BABHALE NGALO LONKE IXESHA.
6. Xa abafundi begqibile, bangongeza imifanekiso yabo.
7. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
8. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
9. Biza nokuba ngabaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
10. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngexesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Igama lam ngu (BHALA IGAMA LAKHO).

1. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe kwigama ELILANDELAYO elifanelwe ukufundwa.
4. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
5. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.

## Read Aloud

- Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi ngento efanele ukwenziwa kwisifundo sokufunda notitshala. Ukuba abafundi bahlala emethini kwisifundo sokufunda notitshala, bafundise indlela ofuna bahlale ngayo emethini, enje ngale: ukunqamleza imilenze, izandla phezu kwamathanga / laps, ukujonga utitshala.
- Ukuba abafundi bahlala ezidesikeni zabo, cacisa ukuba azifuneki iipensile neencwadi. Kuzakufuneka baphulaphule ngokuthe cwaka, izandla zabo ziphezu kwedesika namehlo abo ejonge encwadini.

1. Khetha ibali elifutshane nelilula.
2. Fundela abafundi ISIHLOKO. Cacisa ukuba ISIHLOKO ligama lebali
3. Cacisa ukuba umlinganiswa ngumntu okanye isilwanyana ebalini. Buza abafundi: Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

## Morning Oral Work

*Sebenzisa eli xesha ukufunda amagama abafundi beklasi yakho, nabafundi bafunde amagama abanye abafundi eklasini.*

1. Khomba kumfundi omnye.
2. Umfundi makaphakame abize igama lakhe ngokuvakalayo.
3. Nceda umfundi aqhwabe amalungu egama lakhe. (Utitshala nomfundi baqhwaba AMALUNGU egameni lomfundi , ngolu hlobo: Bu-si-si-we).
4. Bonke abafundi baqhwaba amalungu egama lomfundi. (Bonke abafundi baqhwaba AMALUNGU egama lomfundi, njengo: Bu-si-si-we)
5. PHINDA nabafundi aba 8-12.
6. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye ufumana ithuba ELINYE UBUNCINANE kwisithuba esingangeveki.

## Phonics / Phonemic Awareness

15 min

*Qhelanisa abafundi NGENKQUBO YOKUNIKEZELWA KWEENCWADI eklasini yakho.*

1. BIZA ABAPHATHI ZINCWADI.
2. Qhelanisa abafundi UKUNIKEZELWA NGEENCWADI.
3. Yalela abafundi batyhile KWIPHEPHA LOKUQALA ELINGABHALWANGA ze BABHALE umhla NGOKUKHAWULEZA
4. Qhelanisa abafundi NGOKUQOKELELWA KWEENCWADI.

## Group Guided Reading

15 min

*Ngeli xesha, kuzakufuneka ufundise abafundi ngento abafanele ukuyenza xa utitshala esebenza neqela elincinane. Kufuneka baqhubeke nomsebenzi. Ukuba banombuzo ngento, kufuneka benze oko banakho BABIYELE indawo abanombuzo wayo. Sebenzisa eli xesha ufundise abafundi ngento amabayenze xa BEGQIBILE. Abafundi MABANGAZE bahlale bengenzinto. Kufuneka ukhethe into emayenziwe ngabafundi xa begqibile.*

- *Bangabhala NGOKUKHULULEKILEYO / FREE WRITING.*
- *Bangakhetha incwadi KWIKONA YOKUFUNDA.*
- *Bangafunda okanye benze umsebenzi KWINCWADI YOKUSEBENZELA YEDBE.*

1. Cacisa ukuba namhlanje, uzakusebenza neqela elincinane.
2. Xa usebenza, abafundi bazakusebenza ngokuthe cwaka bengabanye.
3. Cacisa ukuba abafundi bazakuwabhala AMAGAMA abo.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala amagama abo

kathathu.
5. CACISA into efanelwe ukwenziwa ngabafundi xa BEGQIBA KUQALA.
6. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
7. Xa besebenza abafundi, yenza UHLOLO LWEQELA ELINCINANE.

*Kwiveki ezayo, uzakubeka abafundi KUMAQELA AMANCINANE OKUFUNDA ngokwamanqanaba abafunda ngawo. Kule veki, kuzakufuneka uhlole bonke abafundi eklasini yakho. Yohlula abafundi babekumaqela ama 5 alinganayo ze uhlole IQELA ELINYE NGEMINI.*

1. HLOLA IQELA ELINCINANE LABAFUNDI usebenzisa izandi zoonobumba NAMAGAMA ALISHUMI ASETYENZISWA RHOQO: i, yam, ne, mna, nam, wena, thina, sam, mama, tata
2. Yalela abafundi batyhile IFRIZI YE-ALFABHETHI NGAPHAKATHI KWEQWEQWE LWENCWADI YOKUSEBENZELA YE DBE 1.
3. Buza umfundi ngamnye. Khomba oonobumba abali10 abangalandelelaniyo kwifrizi ye-alfabhethi.
4. Cela abafundi bachonge isandi esenziwa ngunobumba.
5. Bonisa abafundi amagama ama 5 asetyenziswa rhoqo.
6. Cela abafundi bafunde la magama.
7. HLELA ABAFUNDI NGOKWAMANQANABA ABAFUNDA KUWO USEBENZISE LE RUBHRIKI ILANDELAYO:

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Umfundi akazazi izandi nawo onke amagama asetyenziswa rhoqo. | Lo mfundi wazi izandi zoonobumba abambalwa. Lo mfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo. | Umfundi uyazazi izandi zamagama athile. Umfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo amaninzi. | Lo mfundi uyazazi izandi zoonobumba abaninzi OKANYE uqonda amagama amaninzi asetyenziswa rhoqo. | Umfundi wazi izandi zoonobumba abaninzi. Lo mfundi uyawaqonda amagama asetyenziswa rhoqo. |
| Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 1 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 2 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 3 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 4 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 5 |

## Handwriting

30 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuzizoba kwakunye nabahlobo babo.
2. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzizoba nabahlobo.
3. Nika abafundi iincwadi zabo.
4. Nika abafundi imizuzu emi 5 bazizobe.
5. Cacisa ukuba abafundi kufuneka BABHALE NGALO LONKE IXESHA.
6. Xa abafundi begqibile, bangongeza imifanekiso yabo.
7. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
8. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
9. Biza nokuba ngabaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
10. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngexesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Ndingutitshala wenu. Ndiziva ndonwabile.

1. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe kwigama ELILANDELAYO elifanelwe ukufundwa.
4. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
5. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.

## Read Aloud

- Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi ngento efanele ukweziwa kwisifundo sokufunda notitshala. Ukuba abafundi bahlala emethini kwisifundo sokufunda notitshala, bafundise indlela ofuna bahlale ngayo emethini, enje ngale: ukunqamleza imilenze, izandla phezu kwamathanga / laps, ukujonga utitshala.
- Ukuba abafundi bahlala ezidesikeni zabo, cacisa ukuba azifuneki iipensile neencwadi. Kuzakufuneka baphulaphule ngokuthe cwaka, izandla zabo ziphezu kwedesika namehlo abo ejonge encwadini.

1. Khetha ibali elifutshane nelilula.
2. Fundela abafundi ISIHLOKO. Cacisa ukuba ISIHLOKO ligama lebali
3. Cacisa ukuba umlinganiswa ngumntu okanye isilwanyana ebalini. Buza abafundi: Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

## Morning Oral Work

Sebenzisa eli xesha ukufunda amagama abafundi beklasi yakho, nabafundi bafunde amagama abanye abafundi eklasini.

1. Khomba kumfundi omnye.
2. Umfundi makaphakame abize igama lakhe ngokuvakalayo.
3. Nceda umfundi aqhwabe amalungu egama lakhe. (Utitshala nomfundi baqhwaba AMALUNGU egameni lomfundi , ngolu hlobo: Bu-si-si-we
4. Bonke abafundi baqhwaba amalungu egama lomfundi. (Bonke abafundi baqhwaba AMALUNGU egama lomfundi, njengo: Bu-si-si-we)
5. PHINDA nabafundi aba 8-12.
6. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye ufumana ithuba ELINYE UBUNCINANE kwisithuba esingangeveki.

## Phonics / Phonemic Awareness

15 min

Qhelanisa abafundi NGENKQUBO YOKUNIKEZELWA KWEENCWADI eklasini yakho.

1. BIZA ABAPHATHI ZINCWADI.
2. Qhelanisa abafundi NGOKUNIKEZELWA KWEENCWADI.
3. Yalela abafundi batyhile KWIPHEPHA LOKUQALA ELINGABHALWANGA ze BABHALE umhla NGOKUKHAWULEZA
4. Khumbuza abafundi ukuba xa benomsebenzi wokubhala, bazakuvula kwiphepha elilandelayo elingabhalwanga ezincwadini zabo.
5. Qhelanisa abafundi NGOKUQOKELELWA KWEENCWADI.

## Group Guided Reading

15 min

Ngeli xesha, kuzakufuneka ufundise abafundi ngento abafanele ukuyenza xa utitshala esebenza neqela elincinane. Kufuneka baqhubeke nomsebenzi. Ukuba banombuzo ngento, kufuneka benze oko banakho BABIYELE indawo abanombuzo wayo. Sebenzisa eli xesha ufundise abafundi ngento amabayenze xa BEGQIBILE. Abafundi MABANGAZE bahlale bengenzinto. Kufuneka ukhethe into emayenziwe ngabafundi xa begqibile.

- Bangabhala NGOKUKHULULEKILEYO / FREE WRITING.
- Bangakhetha incwadi KWIKONA YOKUFUNDA.
- Bangafunda okanye benze umsebenzi KWINCWADI YOKUSEBENZELA YEDBE.

1. Cacisa ukuba namhlanje, uzakusebenza neqela elincinane.
2. Xa usebenza, abafundi bazokusebenza ngokuthe cwaka bebodwa.
3. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala AMAGAMA abo.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala amagama abo kathathu.
5. CACISA okuzakwenziwa ngabantwana xa BEGQIBA KUQALA.
6. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
7. XA BESEBENZA ABAFUNDI, yenza UHLOLO LWAMAQELA AMANCINANE.

Kwiveki ezayo, uzakubeka abafundi KUMAQELA AMANCINANE OKUFUNDA ngokwamanqanaba abafunda kuwo. Kule veki, kuzakufuneka uhlole bonke abafundi eklasini yakho. Yohlula abafundi babekumaqela ama 5 alinganayo ze uhlole IQELA ELINYE NGEMINI.

1. HLOLA IQELA ELINCINANE LABAFUNDI usebenzisa izandi zoonobumba NAMAGAMA ALISHUMI ASETYENZISWA RHOQO: i, yam, ne, mna, nam, wena, thina, sam, mama, tata
2. Yalela abafundi batyhile IFRIZI YE-ALFABHETHI NGAPHAKATHI KWEQWEQWE LWENCWADI YOKUSEBENZELA YE DBE 1.
3. Cela umfundi ngamnye. Khomba oonobumba abali10 abangalandelelaniyo kwifrizi ye-alfabhethi.
4. Cela abafundi bachonge isandi esenziwa ngunobumba.
5. Bonisa abafundi amagama ama 5 asetyenziswa rhoqo.
6. Cela abafundi bafunde la magama.
7. HLELA ABAFUNDI NGOKWAMANQANABA ABAFUNDA KUWO USEBENZISE LE RUBHRIKI ILANDELAYO:

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Umfundi akazazi izandi nawo onke amagama asetyenziswa rhoqo. | Lo mfundi wazi izandi zoonobumba abambalwa. Lo mfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo. | Umfundi uyazazi izandi zamagama athile. Umfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo amaninzi. | Lo mfundi uyazazi izandi zoonobumba abaninzi OKANYE uqonda amagama amaninzi asetyenziswa rhoqo. | Umfundi wazi izandi zoonobumba abaninzi. Lo mfundi uyawaqonda amagama asetyenziswa rhoqo. |
| Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 1 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 2 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 3 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 4 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 5 |

## Handwriting

30 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuzoba into abathanda ukuyenza nabahlobo babo.
2. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzizoba xa usenza into oyithandayo nomhlobo wakho.
3. Nika abafundi iincwadi zabo.
4. Nika abafundi imizuzu emi 5 bazobe into abathanda ukuyenza nabahlobo.
5. Cacisa ukuba abafundi kufuneka BABHALE NGALO LONKE IXESHA.
6. Xa abafundi begqibile, bangongeza imifanekiso yabo.
7. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
8. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
9. Biza nokuba ngababaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
10. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngalo ixesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Ninjani namhlanje? Ndiphilile.

1. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe kwigama ELILANDELAYO elifanelwe ukufundwa.
4. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
5. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.
6. Buza abafundi: Ninjani namhlanje?
7. Phulaphula iimpendulo zabafundi.

## Read Aloud

- Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi ngento efanele ukwezinwa kwisifundo sokufunda notitshala. Ukuba abafundi bahlala emethini kwisifundo sokufunda notitshala, bafundise indlela ofuna bahlale ngayo emethini, enje ngale: ukunqamleza imilenze, izandla phezu kwamathanga / laps, ukujonga utitshala.
- Ukuba abafundi bahlala ezidesikeni zabo, cacisa ukuba azifuneki iipensile neencwadi. Kuzakufuneka baphulaphule ngokuthe cwaka, izandla zabo ziphezu kwedesika namehlo abo ejonge encwadini.

1. Khetha ibali elifutshane nelilula.
2. Fundela abafundi ISIHLOKO. Cacisa ukuba ISIHLOKO ligama lebali
3. Cacisa ukuba umlinganiswa ngumntu okanye isilwanyana ebalini. Buza abafundi: Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

## Morning Oral Work

Sebenzisa eli xesha ukufunda amagama abafundi beklasi yakho, nabafundi bafunde amagama abanye abafundi eklasini.

1. Khomba kumfundi omnye.
2. Umfundi makaphakame abize igama lakhe ngokuvakalayo.
3. Nceda umfundi aqhwabe amalungu egama lakhe. (Utitshala nomfundi baqhwaba AMALUNGU egameni lomfundi , ngolu hlobo: Bu-si-si-we
4. Bonke abafundi baqhwaba amalungu egama lomfundi. (Bonke abafundi baqhwaba AMALUNGU egama lomfundi, njengo: Bu-si-si-we)
5. PHINDA nabafundi aba 8-12.
6. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye ufumana ithuba ELINYE UBUNCINANE

## Phonics / Phonemic Awareness

15 min

Qhelanisa abafundi NGENKQUBO YOKUNIKEZELWA KWEENCWADI eklasini yakho.

1. BIZA ABAPHATHI ZINCWADI.
2. Qhelanisa abafundi UKUNIKEZELWA NGEENCWADI.
3. Yalela abafundi batyhile KWIPHEPHA LOKUQALA ELINGABHALWANGA ze BABHALE umhla NGOKUKHAWULEZA
4. Khumbuza abafundi ukuba xa benomsebenzi wokubhala, abafundi bazakuvula kwiphepha elilandelayo elingabhalwanga ezincwadini zabo.
5. Qhelanisa abafundi NGOKUQOKELELWA KWEENCWADI.

## Group Guided Reading

15 min

Ngeli xesha, kuzakufuneka ufundise abafundi ngento abafanele ukuyenza xa utitshala esebenza neqela elincinane. Kufuneka baqhubeke nomsebenzi. Ukuba banombuzo ngento, kufuneka benze oko banakho BABIYELE indawo abanombuzo wayo. Sebenzisa eli xesha ufundise abafundi ngento amabayenze xa BEGQIBILE. Abafundi MABANGAZE bahlale bengenzinto. Kufuneka ukhethe into emayenziwe ngabafundi xa begqibile.

- Bangabhala NGOKUKHULULEKILEYO / FREE WRITING.
- Bangakhetha incwadi KWIKONA YOKUFUNDA.
- Bangafunda okanye benze umsebenzi KWINCWADI YOKUSEBENZELA YE DBE.

1. Cacisa ukuba namhlanje, uzakusebenza neqela elincinane.
2. Xa usebenza, abafundi bazokusebenza ngokuthe cwaka bebodwa.
3. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala AMAGAMA abo.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala amagama abo kathathu.
5. CACISA okuzakwenziwa ngabantwana xa BEGQIBA KUQALA.
6. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
7. XA BESEBENZA ABAFUNDI, yenza UHLOLO LWAMAQELA AMANCINANE.

Kwiveki ezayo, uzakubeka abafundi KUMAQELA AMANCINANE OKUFUNDA ngokwamanqanaba abafunda ngawo. Kule veki, kuzakufuneka uhlole bonke abafundi eklasini yakho. Yohlula abafundi babekumaqela ama 5 alinganayo ze uhlole IQELA ELINYE NGEMINI.

1. HLOLA IQELA ELINCINANE LABAFUNDI usebenzisa izandi zoonobumba NAMAGAMA ALISHUMI ASETYENZISWA RHOQO: i, yam, ne, mna, nam, wena, thina, sam, mama, tata
2. Yalela abafundi batyhile IFRIZI YE-ALFABHETHI NGAPHAKATHI KWEQWEQWE LWENCWADI YOKUSEBENZELA YE DBE 1.
3. Cela umfundi ngamnye. Khomba oonobumba abali10 abangalandelelaniyo kwifrizi ye-alfabhethi.
4. Cela abafundi bachonge isandi esenziwa ngunobumba.
5. Bonisa abafundi amagama ama-5 asetyenziswa rhoqo.
6. Cela abafundi bafunde la magama.
7. HLELA ABAFUNDI NGOKWAMANQANABA ABAFUNDA KUWO USEBENZISE LE RUBHRIKI ILANDELAYO:

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Umfundi akazazi izandi nawo onke amagama asetyenziswa rhoqo. | Lo mfundi wazi izandi zoonobumba abambalwa. Lo mfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo. | Umfundi uyazazi izandi zamagama athile. Umfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo amaninzi. | Lo mfundi uyazazi izandi zoonobumba abaninzi OKANYE uqonda amagama amaninzi asetyenziswa rhoqo. | Umfundi wazi izandi zoonobumba abaninzi. Lo mfundi uyawaqonda amagama asetyenziswa rhoqo. |
| Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 1 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 2 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 3 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 4 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 5 |

## Handwriting

30 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuzoba usapho lwabo.
2. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzizoba nosapho lwakho.
3. Nika abafundi iincwadi zabo.
4. Nika abafundi imizuzu emi 5 bazizobe neentsapho zabo.
5. Cacisa ukuba abafundi kufuneka BABHALE NGALO LONKE IXESHA.
6. Xa abafundi begqibile, bangongeza kwimifanekiso yabo.
7. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
8. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
9. Biza nokuba ngabaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
10. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngalo ixesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Sizakufunda izinto ezininzi ezintsha kulo nyaka.

1. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe kwigama ELILANDELAYO elifanelwe ukufundwa.
4. Khomba KWISINGXI.
5. Cacisa ukuba izivakalisi ZIPHELA NGESINGXI
6. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
7. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.

## Read Aloud

- Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi ngento efanelwe ukwenziwa kwisifundo sokufunda notitshala. Ukuba abafundi bahlala emethini kwisifundo sokufunda notitshala, bafundise indlela ofuna bahlale ngayo emethini, enje ngale: ukunqamleza imilenze, izandla phezu kwamathanga / laps, ukujonga utitshala.
- Ukuba abafundi bahlala ezidesikeni zabo, cacisa ukuba azifuneki iipensile neencwadi. Kuzakufuneka baphulaphule ngokuthe cwaka, izandla zabo ziphezu kwedesika namehlo abo ejonge encwadini.

1. Khetha ibali elifutshane nelilula.
2. Fundela abafundi ISIHLOKO. Cacisa ukuba ISIHLOKO ligama lebali
3. Ngubani oyena mlinganiswa omthandayo kweli bali?

## Morning Oral Work

Sebenzisa eli xesha ukufunda amagama abafundi beklasi yakho, nabafundi bafunde amagama abanye abafundi eklasini.

1. Khomba kumfundi omnye.
2. Umfundi makaphakame abize igama lakhe ngokuvakalayo.
3. Nceda umfundi aqhwabe amalungu egama lakhe. (Utitshala nomfundi baqhwaba AMALUNGU egameni lomfundi , ngolu hlobo: Bu-si-si-we
4. Bonke abafundi baqhwaba amalungu egama lomfundi. (Bonke abafundi baqhwaba AMALUNGU egama lomfundi, njengo: Bu-si-si-we)
5. PHINDA nabafundi aba 8-12.
6. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye ufumana ithuba ELINYE UBUNCINANE kwisithuba esingangeveki.

## Phonics / Phonemic Awareness

15 min

Qhelanisa abafundi NGENKQUBO YOKUNIKEZELWA KWEENCWADI eklasini yakho.

1. BIZA ABAPHATHI ZINCWADI.
2. Qhelanisa UKUNIKEZELWA NGEENCWADI.
3. Yalela abafundi batyhile KWIPHEPHA LOKUQALA ELINGABHALWANGA ze BABHALE umhla NGOKUKHAWULEZA
4. Khumbuza abafundi ukuba xa benomsebenzi wokubhala, abafundi bazakuvula kwiphepha elilandelayo elingabhalwanga ezincwadini zabo.
5. Qhelanisa abafundi NGOKUQOKELELWA KWEENCWADI.

## Group Guided Reading

15 min

Ngeli xesha, kuzakufuneka ufundise abafundi ngento abafanele ukuyenza xa utitshala esebenza neqela elincinane. Kufuneka baqhubeke nomsebenzi. Ukuba banombuzo ngento, kufuneka benze oko banakho BABIYELE indawo abanombuzo wayo. Sebenzisa eli xesha ufundise abafundi ngento amabayenze xa BEGQIBILE. Abafundi MABANGAZE bahlale bengenzinto. Kufuneka ukhethe into emayenziwe ngabafundi xa begqibile.

- Bangabhala NGOKUKHULULEKILEYO / FREE WRITING.
- Bangakhetha incwadi KWIKONA YOKUFUNDA.
- Bangafunda okanye benze umsebenzi KWINCWADI YOKUSEBENZELA YEDBE.

1. Cacisa ukuba namhlanje, uzakusebenza neqela elincinane.
2. Xa usebenza, abafundi bazokusebenza ngokuthe cwaka bebodwa.
3. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala AMAGAMA abo.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala amagama abo kathathu.
5. CACISA okuzakwenziwa ngabantwana xa BEGQIBA KUQALA.
6. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
7. XA BESEBENZA ABAFUNDI, yenza UHLOLO LWAMAQELA AMANCINANE.

Kwiveki ezayo, uzakubeka abafundi KUMAQELA AMANCINANE OKUFUNDA ngokwamanqanaba abafunda ngawo. Kule veki, kuzakufuneka uhlole bonke abafundi eklasini yakho. Yohlula abafundi babekumaqela ama 5 alinganayo ze uhlole IQELA ELINYE NGEMINI.

1. HLOLA IQELA ELINCINANE LABAFUNDI usebenzisa izandi zoonobumba NAMAGAMA ALISHUMI ASETYENZISWA RHOQO: i, yam, ne, mna, nam, wena, thina, sam, mama, tata
2. Yalela abafundi batyhile IFRIZI YE-ALFABHETHI NGAPHAKATHI KWEQWEQWE LWENCWADI YOKUSEBENZELA YE DBE 1.
3. Cela umfundi ngamnye. Khomba oonobumba abali10 abangalandelelaniyo kwifrizi ye-alfabhethi.
4. Cela abafundi bachonge isandi esenziwa ngunobumba.
5. Bonisa abafundi amagama ama 5 asetyenziswa rhoqo.
6. Cela abafundi bafunde la magama.
7. HLELA ABAFUNDI NGOKWAMANQANABA ABAFUNDA KUWO USEBENZISE LE RUBHRIKI ILANDELAYO:

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Umfundi akazazi izandi nawo onke amagama asetyenziswa rhoqo. | Lo mfundi wazi izandi zoonobumba abambalwa. Lo mfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo. | Umfundi uyazazi izandi zamagama athile. Umfundi akawaqondi amagama asetyenziswa rhoqo amaninzi. | Lo mfundi uyazazi izandi zoonobumba abaninzi OKANYE uqonda amagama amaninzi asetyenziswa rhoqo. | Umfundi wazi izandi zoonobumba abaninzi. Lo mfundi uyawaqonda amagama asetyenziswa rhoqo. |
| Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 1 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 2 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 3 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 4 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufanele ukuba kwiqela 5 |

## Handwriting

30 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuzizoba kumakhaya abo.
2. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzizoba ekhaya.
3. Nika abafundi iincwadi zabo.
4. Nika abafundi imizuzu emi 5 bazizobe kumakhaya abo.
5. Cacisa ukuba abafundi kufuneka BABHALE NGALO LONKE IXESHA.
6. Xa abafundi begqibile, bangongeza imifanekiso yabo.
7. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
8. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
9. Biza nokuba ngababaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
10. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngalo ixesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Yintoni enifuna ukuyifunda kulo nyaka?

1. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe igama ELILANDELAYO elizakufundwa.
4. Khomba KUPHAWU LOMBUZO.
5. Cacisa ukuba imibuzo IPHELA NGOPHAWU LOMBUZO.
6. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
7. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.
8. Buza abafundi: Nifuna ukufunda ngantoni kulo nyaka?
9. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.

## Read Aloud

- Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi ngento efanele ukwenziwa kwisifundo sokufunda notitshala. Ukuba abafundi bahlala emethini kwisifundo sokufunda notitshala, bafundise indlela ofuna bahlale ngayo emethini, enje ngale: ukunqamleza imilenze, izandla phezu kwamathanga / laps, ukujonga utitshala.
- Ukuba abafundi bahlala ezidesikeni zabo, cacisa ukuba azifuneki iipensile neencwadi. Kuzakufuneka baphulaphule ngokuthe cwaka, izandla zabo ziphezu kwedesika namehlo abo ejonge encwadini.

1. Khetha ibali elifutshane nelilula.
2. Fundela abafundi ISIHLOKO. Cacisa ukuba ISIHLOKO ligama lebali
3. Cacisa ukuba umlinganiswa ngumntu okanye isilwanyana ebalini. Ngubani oyena mlinganiswa omthandayo kweli bali?

## Morning Oral Work

Fundisa UKUFUN'INGQWALASELA / NEW ATTENTION GETTER, enje ngale:
Ukuba uyandiva qhwaba kube kanye!
(qhwaba)
Abafundi mabahlale ngokuthe cwaka bejonge kutitshala.

1. Qhelanisa abafundi nokusetyenziswa kokufun'ingqwalasela / attention getter.
2. Yalela abafundi bathethe nabamelwane babo.
3. Xa besiva "UKUBA UYANDIVA QHWABA KUBE KANYE" kufuneka BAYEKE UKUTHETHA.
4. Kufuneka BAQHWABE KUBE KANYE.
5. Kufuneka bahlale bethule ezitulweni zabo bejonge kutitshala wabo.

## Phonics / Phonemic Awareness

15 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuziqhelanisa nokuphulaphula kunobumba osekuqaleni kumagama abo.
2. Cacisa ukuba uzakubiza isandi.
3. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko.
4. Xa abafundi besiva isandi sokuqala segama labo, kufuneka baphakame.
5. Cela abafundi abamileyo babize amagama abo ngokuvakalayo eklasini.
6. Lungisa bonke abafundi abamileyo ekungafuneki bame.
7. Jonga egumbini uze ukhangele ukuba akukho bafundi ekufuneka ukuba bamile na.
8. Yenza oku ngezandi ezi 3-4 ezisekuqaleni.
9. Qinisekisa ukuba ubiza oonobumba abasekuqaleni bamagama abafundi bonke phambi kokuphela kweveki.

## Group Guided Reading

15 min

Namhlanje, kuzakufuneka ubeke abafundi NGOKWAMAQELA AFUNDA NGONCEDO LUKATITSHALA. Kubalulekile ukuba abafundi BANGAWAZI amaqela abafunda kuwo. Abafundi AKUNYANZELEKANGA ukuba bazi ukuba amaqela ayilwe ngokwamanqanaba abafunda kuwo. Sebenzisa iilebhuli zamaqela ezinje ngezi: imibala, iimilo, okanye izilwanyana, HAYI iilebhuli ezenza abafundi bazi ukuba kukho amanqanaba abafunda kuwo.

1. Xelela abafundi iqela abakulo.
2. Biza igama leqela ngalinye. Yalela abafundi bame kwiqela elo.
3. Phinda phinda bade abafundi BAWAZI amaqela abo.
4. Nika IKLASI umsebenzi abazakuwenza bengabanye.
5. Cacisa ukuba namhlanje :
    - Tyhila iincwadi zokusebenzela zeDBE Iphepha 1 ukuya kwiphepha 5.
    - Bhala umhla. (CACISA INDLELA YOKWENZA LO MSEBENZI! Bhala umhla ebhodini. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukubhala umhla NGOKUKHAWULEZA ezincwadini zabo)
    - Sika iibhokisi ezineengalo nemilenze.
    - Ncamathisela iingalo nemilenze ngokufanelekileyo ezincwadini zokusebenzela.
6. Qhelanisa abafundi NENKQUBO YOKUHAMBISA IINCWADI.
7. KHUMBUZA ABAFUNDI ngento amabayenze xa BEGQIBA KUQALA.
8. Xa abafundi beneencwadi zabo, biza IQELA LOKUFUNDA ELINYE.
9. Funda iphepha 10 kwincwadi yokusebenzela yeDBE enesihloko : Ziqhelise ukubhala igama lakho.
10. Funda i alfabhethi neqela elincinane.
11. Nceda abafundi eqeleni elincinane benze imisebenzi ekwiphepha 10.

## Handwriting

30 min

1. Buza abafundi: Bacinga ukuba imithetho yeklasi ifanele ukuthini na?
2. Bhala phantsi iimpendulo zabafundi.
3. Thathani isigqibo semithetho xa ninonke.
4. Zama ukubhala imithetho ngendlela EVUMELEKILEYO, ucacise into EKUFUNEKA yenziwe ngabafundi, ngolu hlobo:
    - Abafundi balandela imiyalelo
    - Abafundi basebenzisa amagama abonakalisa ububele
    - Abafundi basebenzisa amagama asombulula iingxaki
    - Abafundi bazama kanga ngoko banakho
    - Abafundi banobunono ngemizimba yabo

**Bhala le mithetho EPHEPHENI ze UYIXHOME RHOQO apho azobonwa khona NGABO BONKE ABAFUNDI.**

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Molweni! Namhlanje umhla ngu (UMHLA). Namhlanje siyile imithetho emitsha yeklasi. Nicinga ntoni ngemithetho yethu yeklasi emitsha?

1. Cela umfundi omnye aphakame akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe igama ELILANDELAYO ukufundwa.
4. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
5. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.
6. Buza abafundi: Ucinga ntoni ngemithetho yethu?
7. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.

## Read Aloud

1. Buza abafundi: Kufuneka senze ntoni xa utitshala efunda ngokuvakalayo?
2. Qinisekisa ukuba abafundi BAYAKWAZI okulindelekileyo.
3. Khetha ibali elilula.
4. Ekupheleni kwebali, buza abafundi: Ngubani oyena mlinganiswa uphambili ebalini?
5. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE baxelele ummelwane ngoyena mlinganiswa uphambili ebalini.

## Morning Oral Work

Fundisa UKUFUN'INGQWALASELA / NEW ATTENTION GETTER, enje ngale:
Ukuba uyandiva qhwaba kube kanye! (qhwaba)
Abafundi mabahlale ngokuthe cwaka bejonge kutitshala.

1. Qhelanisa abafundi nokusetyenziswa kokufun'ingqwalasela / attention getter.
2. Yalela abafundi bathethe nabamelwane babo.
3. Xa besiva "UKUBA UYANDIVA QHWABA KUBE KANYE" kufuneka BAYEKE UKUTHETHA.
4. Kufuneka BAQHWABE KUBE KANYE.
5. Kufuneka bahlale bethule ezitulweni zabo bejonge kutitshala wabo.

## Phonics / Phonemic Awareness

15 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuziqhelanisa nokuphulaphula kwisandi esisekuqaleni kumagama abo.
2. Cacisa ukuba uzakubiza isandi.
3. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko.
4. Xa abafundi besiva isandi sokuqala segama labo, kufuneka baphakame.
5. Cela abafundi abamileyo babize amagama abo ngokuvakalayo eklasini.
6. Lungisa bonke abafundi abamileyo ekungafuneki bame.
7. Jonga egumbini uze ukhangele ukuba akukho bafundi ekufuneka ukuba bamile na.
8. Yenza oku ngezandi ezi 3-4 ezisekuqaleni.
9. Qinisekisa ukuba ubiza oonobumba abasekuqaleni bamagama abafundi bonke phambi kokuphela kweveki.

## Group Guided Reading

15 min

1. KHUMBUZA abafundi iqela abakulo.
2. Biza igama leqela ngalinye. Yalela abafundi bame kwiqela elo.
3. Phinda phinda bade abafundi BAWAZI amaqela abo.
4. Nika IKLASI umsebenzi abazakuwenza bengabanye.
5. Cacisa ukuba namhlanje :
6. Tyhila iincwadi zokusebenzela zeDBE Iphepha 1 ukuya kwiphepha 6.
7. Mabatreyise isandla sabo SASEKHOHLO.
8. Mabafakele imibala / bahombise isandla.
9. Ncamathisela iingalo nemilenze ngokufanelekileyo ezincwadini zokusebenzela.
10. Qhelanisa abafundi NENKQUBO YOKUHAMBISA IINCWADI.
11. KHUMBUZA ABAFUNDI ngento amabayenze xa BEGQIBA KUQALA.
12. Xa abafundi beneencwadi zabo, biza IQELA LOKUFUNDA ELINYE.
13. Funda iphepha 10 kwincwadi yokusebenzela yeDBE enesihloko : Ziqhelise ukubhala igama lakho.
14. Funda i alfabhethi neqela elincinane.
15. Nceda abafundi eqeleni elincinane benze imisebenzi ekwiphepha 10.

## Handwriting

30 min

1. Khumbuza abafundi ukuba izolo, iklasi ithathe isigqibo ngemithetho emitsha yeklasi.
2. Fundela abafundi imithetho yeklasi.
3. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazokuba nengqwalasela KUMTHETHO 1.
4. Cacisela abafundi ukuba bazakuzoba umfanekiso onentsingiselo yalo mthetho kubo.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzoba intsingiselo yomthetho ebhodini.
6. Nika abafundi imizuzu eli10 yokuzoba.
7. Cacisa ukuba abafundi BAFANELE UKUBHALA NGALO LONKE IXESHA ABALINIKIWEYO.
8. Ukuba abafundi bagqibile, bangongeza kwimizobo yabo bafakele nezinye izivakalisi!
9. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
10. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
11. Biza nokuba ngabaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
12. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngalo ixesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Molweni! Namhlanje umhla ngu (UMHLA). USipho akazoli xa ehleli! Uyagungqa esitulweni sakhe, kwaye ukhaba netafile. USipho uphazamisa uKgomotso. Kufuneka enze ntoni uKgomotso?

1. Cela umfundi omnye aphakame akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe kwigama ELILANDELAYO elifanele ukufundwa.
4. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
5. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.
6. Buza abafundi: Kufuneka enze ntoni uKgomotso?
7. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.

## Read Aloud

1. Buza abafundi: yintoni ekufuneka siyenze xa ilixesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala?
2. Qinisekisa ukuba abafundi BAYAKWAZI okulindelekileyo.
3. Khetha ibali elilula.
4. Ngexesha lebali buza abafundi imibuzo efana nale: Ingaba ucinga ukuba uLimpho uzakuwa emthini? FUNDISA ABAFUNDI IMINWE PHEZULU / IMINWE PHANTSI.
5. Ekupheleni kwebali, buza abafundi: Yeyiphi eyona nto oyithandileyo eyenzeke ebalini?
6. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE baze baxelele ummelwane ngeyona ndawo abayithandileyo ebalini.

**Morning Oral Work**

Fundisa UKUFUN'INGQWALASELA / NEW ATTENTION GETTER, enje ngale:
Ukuba uyandiva qhwaba kube kanye!
(qhwaba)
Abafundi mabahlale ngokuthe cwaka bejonge kutitshala.

1. Qhelanisa abafundi nokusetyenziswa kokufun'ingqwalasela / attention getter.
2. Yalela abafundi bathethe nabamelwane babo.
3. Xa besiva "UKUBA UYANDIVA QHWABA KUBE KANYE" kufuneka BAYEKE UKUTHETHA.
4. Kufuneka BAQHWABE KUBE KANYE.
5. Kufuneka bahlale bethule ezitulweni zabo bejonge kutitshala wabo.

**Phonics / Phonemic Awareness**
15 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuziqhelanisa nokuphulaphula kwisandi esisekuqaleni kumagama abo.
2. Cacisa ukuba uzakubiza isandi.
3. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko.
4. Xa abafundi besiva isandi sokuqala segama labo, kufuneka baphakame.
5. Cela abafundi abamileyo babize amagama abo ngokuvakalayo eklasini.
6. Lungisa bonke abafundi abamileyo ekungafuneki bame.
7. Jonga egumbini uze ukhangele ukuba akukho bafundi ekufuneka ukuba bamile na.
8. Yenza oku ngezandi ezi 3-4 ezisekuqaleni.
9. Qinisekisa ukuba ubiza oonobumba abasekuqaleni bamagama bonke phambi kokuphela kweveki.

**Group Guided Reading**
15 min

1. Cela abafundi BACINGE ngeqela abakulo.
2. Biza igama leqela ngalinye. Yalela abafundi bame kwiqela elo.
3. Cela abafundi abamileyo, bajonge iqela labo
4. Buza abafundi: Ngubani ongabonakaliyo eqeleni lenu?
5. Qinisekisa ukuba onke amalungu eqela amile.
6. Nika IKLASI umsebenzi abazakuwenza bengabanye.
7. Cacisa ukuba namhlanje :
   - Bazakuvula incwadi yokusebenzela YEDBE iphepha 7.
   - Bazokutreyisa isandla SASEKUNENE.
   - Bazakufakela imibala okanye bahombise isandla.
8. Qhelanisa abafundi NENKQUBO YOKUHAMBISA IINCWADI.
9. KHUMBUZA ABAFUNDI ngento amabayenze xa BEGQIBA KUQALA.
10. Xa abafundi beneencwadi zabo, biza IQELA LOKUFUNDA ELINYE.
11. Funda iphepha 10 kwincwadi yokusebenzela yeDBE enesihloko: Ziqhelise ukubhala igama lakho.
12. Funda i alfabhethi neqela elincinane.
13. Nceda abafundi eqeleni elincinane benze imisebenzi ekwiphepha 10.

## Handwriting

30 min

1. Khumbuza abafundi ukuba izolo, iklasi ithathe isigqibo ngemithetho emitsha yeklasi.
2. Fundela abafundi imithetho yeklasi.
3. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazokuba nengqwalasela KUMTHETHO 2.
4. Cacisela abafundi ukuba bazakuzoba umfanekiso onentsingiselo yalo mthetho kubo.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzoba intsingiselo yomthetho ebhodini.
6. Nika abafundi imizuzu eli10 yokuzoba.
7. Cacisa ukuba abafundi BAFANELE UKUBHALA NGALO LONKE IXESHA ABALINIKIWEYO.
8. Ukuba abafundi bagqibile, bangongeza kwimizobo yabo bafakele nezinye izivakalisi!
9. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
10. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
11. Biza nokuba ngabaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
12. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngalo ixesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Molweni! Namhlanje kungumhla (UMHLA). UJabu kwakunye noNick ngabahlobo. Ngenye imini, uJabu uthe kuNick “Usisiphukuphuku”. UNick uphambene ngumsindo. Kufuneka enze ntoni?

1. Cela umfundi omnye aphakame akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe kwigama ELILANDELAYO elifanele ukufundwa.
4. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
5. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.
6. Biza AMAQELA AWOHLUKENEYO afunde umyalezo?
7. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.
8. Buza abafundi: Kufuneka enze ntoni?

## Read Aloud

1. Buza abafundi: yintoni ekufuneka siyenze xa ilixesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala?
2. Qinisekisa ukuba abafundi BAYAKWAZI okulindelekileyo.
3. Namhlanje, xoxa ngento onokuyenza ukuba umntu UYAKUTHETHISA ngexesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala.
4. Ukuba umntu uthetha nawe, xelela abafundi ukuba kufuneka basebeze: “Ungandixelela ngelinye ixesha!”
5. Yalela abafundi baziqhelanise nokusebeza “Ungandixelela ngelinye ixesha!”
6. Khetha ibali elilula.
7. Ngexesha lebali buza abafundi imibuzo efana nale: Ingaba ucinga ukuba uzakuluphumelela uvavanyo? FUNDISA ABAFUNDI IMINWE PHEZULU / IMINWE PHANTSI.
8. Ekupheleni kwebali, buza abafundi: Yeyiphi eyona nto oyithandileyo eyenzeke ebalini?
9. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE baze baxelele ummelwane ngeyona ndawo abayithandileyo ebalini.

**Morning Oral Work**

Ukuba uyandiva qhwaba kube kanye!
(qhwaba)
Abafundi mabahlale ngokuthe cwaka bejonge kutitshala.

1. Qhelanisa abafundi nokusetyenziswa kokufun'ingqwalasela / attention getter.
2. Yalela abafundi bathethe nabamelwane babo.
3. Xa besiva "UKUBA UYANDIVA QHWABA KUBE KANYE" kufuneka BAYEKE UKUTHETHA.
4. Kufuneka BAQHWABE KUBE KANYE.
5. Kufuneka bahlale bethule ezitulweni zabo bejonge kutitshala wabo.

**Phonics / Phonemic Awareness**
15 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuziqhelanisa nokuphulaphula kwisandi esisekuqaleni kumagama abo.
2. Cacisa ukuba uzakubiza isandi.
3. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko.
4. Xa abafundi besiva isandi sokuqala segama labo eliqala ngaso, kufuneka baphakame.
5. Cela abafundi abamileyo babize amagama abo ngokuvakalayo eklasini.
6. Lungisa bonke abafundi abamileyo ekungafuneki bame.
7. Jonga egumbini uze ukhangele ukuba akukho bafundi ekufuneka ukuba bamile na.
8. Yenza oku ngezandi ezi 3-4 ezisekuqaleni.
9. Qinisekisa ukuba ubiza oonobumba abasekuqaleni bamagama abafundi bonke phambi kokuphela kweveki.

**Group Guided Reading**
15 min

1. Biza igama leqela ngalinye. Yalela abafundi bame kwiqela elo.
2. Cela abafundi abamileyo, bajonge iqela labo
3. Buza abafundi: Ngubani ongabonakaliyo eqeleni lenu?
4. Qinisekisa ukuba onke amalungu eqela amile.
5. Nika IKLASI umsebenzi abazakuwenza bengabanye.
6. Cacisa ukuba namhlanje :
    - Tyhila kwiphepha 9 kwincwadi Yokusebenzela Ye DBE.
    - Bhala umhla.
    - Landela iipatheni ezichokoziweyo.
    - Yenza iipatheni kweli phepha.
7. Qhelanisa abafundi NENKQUBO YOKUHAMBISA IINCWADI.
8. KHUMBUZA ABAFUNDI ngento amabayenze xa BEGQIBA KUQALA.
9. Xa abafundi beneencwadi zabo, biza IQELA LOKUFUNDA ELINYE.
10. Funda iphepha 10 kwincwadi yokusebenzela yeDBE enesihloko: Ziqhelise ukubhala igama lakho.
11. Funda I alfabhethi neqela elincinane.
12. Nceda abafundi eqeleni elincinane benze imisebenzi ekwiphepha 10.

## Handwriting

30 min

1. Khumbuza abafundi ukuba izolo, iklasi ithathe isigqibo ngemithetho emitsha yeklasi.
2. Fundela abafundi imithetho yeklasi.
3. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazokuba nengqwalasela KUMTHETHO 3.
4. Cacisela abafundi ukuba bazakuzoba umfanekiso onentsingiselo yalo mthetho kubo.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzoba intsingiselo yomthetho ebhodini.
6. Nika abafundi imizuzu eli10 yokuzoba.
7. Cacisa ukuba abafundi BAFANELE UKUBHALA NGALO LONKE IXESHA ABALINIKIWEYO.
8. Ukuba abafundi bagqibile, bangongeza kwimizobo yabo bafakele nezinye izivakalisi!
9. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
10. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
11. Biza nokuba ngabaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
12. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngalo ixesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Molweni! Namhlanje kungumhla (UMHLA). UNomsa uhlala ecaleni koPeter. UNomsa uba umatshini wokulola ipensile. UPeter uthi: “Yibuyisele kum!” kodwa uNomsa akavumi. UPeter ufuna ukubetha uNomsa. Kufuneka enze ntoni?

1. Cela umfundi omnye aphakame akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe kwigama ELILANDELAYO elifanele ukufundwa.
4. Biza umfundi omnye aphakame abiyele IGAMA ELIDE ngesangqa.
5. Cela umfundi omnye aphakame abiyele IGAMA ELIFUTSHANE ngesangqa.
6. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
7. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.
8. Buza abafundi: kufuneka enze ntoni?
9. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.

## Read Aloud

1. Buza abafundi: yintoni ekufuneka siyenze xa ilixesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala?
2. Qinisekisa ukuba abafundi BAYAKWAZI okulindelekileyo.
3. Namhlanje, xoxa ngento onokuyenza ukuba umntu UYAKUTHETHISA ngexesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala.
4. Ukuba umntu uthetha nawe, xelela abafundi ukuba kufuneka basebeze: “Ungandixelela ngelinye ixesha!”
5. Khetha ibali elilula.
6. Ngexesha lebali buza abafundi imibuzo efana nale: Ingaba ucinga ukuba uzakuluphumelela uvavanyo? FUNDISA ABAFUNDI IMINWE PHEZULU / IMINWE PHANTSI.
7. Ekupheleni kwebali, buza abafundi: Yeyiphi eyona nto oyithandileyo eyenzeke ebalini?
8. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE baze baxelele ummelwane ngeyona ndawo abayithandileyo ebalini.

**Morning Oral Work**

Ukuba uyandiva qhwaba kube kanye!
(qhwaba)
Abafundi mabahlale ngokuthe cwaka bejonge kutitshala.

1. Qhelanisa abafundi nokusetyenziswa kokufun'ingqwalasela / attention getter.
2. Yalela abafundi bathethe nabamelwane babo.
3. Xa besiva "UKUBA UYANDIVA QHWABA KUBE KANYE" kufuneka BAYEKE UKUTHETHA.
4. Kufuneka BAQHWABE KUBE KANYE.

Kufuneka bahlale bethule ezitulweni zabo bejonge kutitshala wabo.

**Phonics / Phonemic Awareness**
15 min

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuziqhelanisa nokuphulaphula kwisandi esisekuqaleni kumagama abo.
2. Cacisa ukuba uzakubiza isandi.
3. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko.
4. Xa abafundi besiva isandi sokuqala segama labo eliqala ngaso, kufuneka baphakame.
5. Cela abafundi abamileyo babize amagama abo ngokuvakalayo eklasini.
6. Lungisa bonke abafundi abamileyo ekungafuneki bame.
7. Jonga egumbini uze ukhangele ukuba akukho bafundi ekufuneka ukuba bamile na.
8. Yenza oku ngezandi ezi 3-4 ezisekuqaleni.
9. Qinisekisa ukuba ubiza oonobumba abasekuqaleni bamagama abafundi bonke phambi kokuphela kweveki.

**Group Guided Reading**
15 min

1. Cela abafundi BACINGE ngeqela abakulo.
2. Biza igama leqela ngalinye. Yalela abafundi bame kwiqela elo.
3. Cela abafundi abamileyo, bajonge iqela labo
4. Buza abafundi: Ingaba ukhona ongekhoyo eqeleni lenu?
5. Qinisekisa ukuba onke amalungu eqela amile.
6. Nika IKLASI umsebenzi abazakuwenza bengabanye.
   - Mabatyhile incwadi yeDBE yokusebenzela kwiphepha 11.
   - Mababhale umhla.
   - Mabalandele iipatheni ezichokoziweyo.
   - Yenza zonke iipatheni kweli phepha.
7. Qhelanisa abafundi NENKQUBO YOKUHAMBISA IINCWADI.
8. KHUMBUZA ABAFUNDI ngento amabayenze xa BEGQIBA KUQALA.
9. Xa abafundi beneencwadi zabo, biza IQELA LOKUFUNDA ELINYE.
10. Funda iphepha 10 kwincwadi yokusebenzela yeDBE enesihloko: Ziqhelise ukubhala igama lakho.
11. Funda i alfabhethi neqela elincinane.
12. Nceda abafundi eqeleni elincinane benze imisebenzi ekwiphepha 10

## Handwriting

30 min

1. Khumbuza abafundi ukuba izolo, iklasi ithathe isigqibo ngemithetho emitsha yeklasi.
2. Fundela abafundi imithetho yeklasi.
3. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakukhetha umthetho abawuthanda kakhulu.
4. Cacisela abafundi ukuba bazakuzoba umfanekiso onentsingiselo yalo mthetho kubo.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukuzoba intsingiselo yomthetho ebhodini.
6. Nika abafundi imizuzu eli10 yokuzoba.
7. Cacisa ukuba abafundi BAFANELE UKUBHALA NGALO LONKE IXESHA ABALINIKIWEYO.
8. Ukuba abafundi bagqibile, bangongeza kwimizobo yabo bafakele nezinye izivakalisi!
9. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE. Bayalele bachazele umlingane ngemizobo yabo.
10. Cela abafundi babuyele KWIQELA ELIKHULU xa bebonke.
11. Biza nokuba ngabaphi na abafundi bakuxelele okuthethwe NGUMLINGANE wabo.
12. Injongo yalo msebenzi kukufundisa abafundi indlela YOKUQHUBEKA BESEBENZA ngalo ixesha laloo msebenzi, besebenza bebodwa kwaye BEJIKA BETHETHA.

## Shared Reading

15 min

Bhala ezi zivakalisi ebhodini:
Bafundi Endibathandayo,
Molweni! Namhlanje kungumhla (UMHLA). UGugu noBonga bahleli kwaye baphulaphule kutitshala ebafundela ngokuvakalayo. UBonga ufuna ukuthetha noGugu. UGugu ufuna ukumamela ibali. Kufuneka enze ntoni?

1. Cela umfundi omnye aphakame akhombe IGAMA LOKUQALA kwisivakalisi.
2. Funda: Bafundi Endibathandayo,
3. Cela umfundi omnye aze ngaphambili akhombe kwigama ELILANDELAYO elifanele ukufundwa.
4. Biza umfundi omnye aphakame abiyele IGAMA ELIDE ngesangqa.
5. Cela umfundi omnye aphakame abiyele IGAMA ELIFUTSHANE ngesangqa.
6. Yalela abafundi BAPHULAPHULE. Funda izivakalisi ngotyibiliko.
7. Yalela abafundi bafunde izivakalisi NAWE.
8. Biza AMAQELA AWOHLUKENEYO akufundele umyalezo
9. Buza abafundi: kufuneka enze ntoni?
10. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.

## Read Aloud

1. Buza abafundi: yintoni ekufuneka siyenze xa ilixesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala?
2. Qinisekisa ukuba abafundi BAYAKWAZI okulindelekileyo.
3. Namhlanje, xoxa ngento onokuyenza ukuba umntu UYAKUTHETHISA ngexesha lokufunda ngokuvakalayo kukatitshala.
4. Ukuba umntu uthetha nawe, xelela abafundi ukuba kufuneka basebeze: "Ungandixelela ngelinye ixesha!"
5. Khetha ibali elilula.
6. Ngexesha lebali buza abafundi imibuzo efana nale: Ingaba ucinga ukuba uzakuluphumelela uvavanyo? FUNDISA ABAFUNDI IMINWE PHEZULU / IMINWE PHANTSI.
7. Ekupheleni kwebali, buza abafundi: Yeyiphi eyona nto oyithandileyo eyenzeke ebalini?
8. Yalela abafundi BAJIKE BATHETHE baze baxelele ummelwane ngeyona ndawo abayithandileyo ebalini.

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Picture mind map

Sound **a**

15 min

Phonic Words

amasi amanzi ama-apile i-apile mama

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Form new letter


Letter **a**

30 min

Handwriting Words

ina nam ima mna

Handwriting Pattern:



Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE Iphepha: 28 phezulu.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre and first read

15 min

Look and Say Words

uFezi ufika ngomso

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **a**

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha: 26,27

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**

**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa / ukudlulisa umyalezo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ibhodi netshokhwe.
- Iincwadi zabafundi zokubhala neekhrayoni

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwazo.

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuba zizinto ezintsha—bazakuba ngababhali.
2. Cacisa ukuba ababhali basebenzisa iphepha neekhrayoni xa bebalisa ibali.
3. Cacisa ukuba ABABHALI BABHALA INTO ABAYAZIYO.
4. Cacisa ukuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
5. Yithi: namhlanje ndizakusebenzisa iphepha neekhrayoni xa ndibalisa ngosuku lwam lokuqala esikolweni. Ndibhala ngam kuba leyo YINTO ENDIYAZIYO.
6. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokubhala ngosuku lwabo lokuqala esikolweni.
7. Namhlanje uzakuzoba umfanekiso kuphela — awuzukufakela magama.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Yithi: Ngoku lixesha lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje uzakuCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
3. Khumbula, ufanele ukubhala ngawe kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
4. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
5. Cacisa kubafundi ukuba batyhile iphepha lokuqala elingabhalwanga ezincwadini zabo.

**Bhala / Okubhalwayo:**

1. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo.
2. Xelela abafundi ukuba baqale ukuzoba imifanekiso yabo.
3. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
4. Ngelixa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa kukukhulisa ukuzithemba kwabafundi. Bafanele ukukhululeka xa bebeka ipeni ephepheni.
5. Xa abafundi bezoba ithuba elinga ngemizuzu engama 20, baxelele ukuba bayeke ukuzoba. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

**New sound**

Sound **e**

15 min

Phonic Words

ewe i-esile esela emva emini

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

**DBE workbook**


Sound **e**

15 min

Handwriting Words

eve mema elele i-emele esile

Handwriting Pattern:



Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha:36

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

## Shared Reading

**Post read**

15 min

DBE Workbook 1
Title: Sifike sikhuselekile ekhaya
Page: 62

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Ngubani oza kufika? |
| Uzakufika nini? |
| Wenza ntoni uFezi ngomso? |
| Ucinga ukuba uzakufika ngantoni? |
| Unjani umbala webhasi kulo mfanekiso? |
| **Answers** |
| NguFezi. |
| Ngomso. |
| Uzakufika. |
| Ngebhasi. |
| Umthubi. |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **e**

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha :34, 35

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **7**

15 min

**Writing**
**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa /ukudlulisa umyalezo
- Ukuthetha ngemifanekiso xa kugqithiswa umyalezo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Iincwadi zabafundi ezinemizobo yangoLwesibini
- Umzobo wakho wangoLwesibini, uzotywe ebhodini

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Umfuziselo:**
1. Namhlanje sizakufunda into entsha eyenziwa ngababhali: ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
2. Namhlanje sizakujonga imizobo yethu size sixelele iklasi ngesikuzobileyo.
3. Khomba kumzobo wakho. Sebenzisa UMFUZISELO xa ucacisa umzobo wakho kubafundi.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufundela iklasi imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.

3. Yalela abafundi ukuba batyhile kwimizobo yabo yangoLwesibini.
4. Cela amavolontiya ama 2-3 ukuba bafunde abakubhalileyo.
5. Xa egqibile amavolontiya, yalela iklasi ukuba iwaqhwabele izandla. Oku kukhulisa ukuzithemba.
6. Biza abafundi abaliqela  bafunde abakubhalileyo, babelane ngexesha elishiyekileyo.
7. Yalela abafundi ukuba baqhwabe izandla xa kugqiba umfundi ngamnye.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**

Poster discussion

PHAKATHI KWIGUMBI LOKUFUNDELA

10 min

**Assessment activity**

20 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo neempendulo ezilindelekileyo)

1. Mangaphi amakhwenkwe owabonayo? (5)
2. Mangaphi amantombazana owabonayo? (4)
3. Zingumbala onjani iikhethini? (Zimthubi)
4. Yintoni eyenziwa yinkwenkwe esekhaphethini / ekwikhaphethi? (Iyafunda.)
5. Wenza ntoni utitshala? (Ungxolisa abanye abafundi.)
6. Kutheni utitshala esenza le nto nje? (Kuba babaleka eklasini.)

**UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:**
Chaza izinto ozibonayo ngokombala, ngokobunjani, ngokobungakanani usebenzisa isigama esichanekileyo.

**Isiphumo sesifundo:**
Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

1. Ukufunda isigama esichaza into ngokombala, ngokobunjani, ngokobungakanani nangokwemilo.
2. Ukuchaza into ngokombala, ngokobungakanani, ngokobunjani nangokwemilo.
3. Ukufunda baze baziqhelanise nezakhono zokuthetha ezifanelekileyo.
4. Ukuphulaphula koogxa babo xa bechaza into.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
Ibhokisi egcwele:

- Izinto ezivela eklasini: ipensile, iphepha, incwadi, irula,

irabha, isincamathelisi, isikere, ibhrashi yokupeyinta, itshokhwe, isepha, itawuli, izitshixo, nebhokisi yeekhrayoni.
- Izinto eziphuma ngaphandle: uswazi, igqabi, ilitye, isitena, ingca, ixolo lomthi, intyatyambo njalonjalo.

**Inkcazelo yesifundo:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko .
2. Ukuba abafundi bahleli ezitafileni, qinisekisa ukuba akunanto
3. Chazela abafundi ukuba ngelinye ixesha sifuna ukuxelela umntu ngento esiyibonileyo, kodwa abakwazi ukuyibona.
4. Buza abafundi ukuba le nto ikhe yenzeka na kubo. Ingaba kwakuyimoto entle, okanye ikeyiki evuzisa amathe, okanye ilokhwe entle kakhulu. Yeka abafundi abambalwa baphendule.
5. Emva koku, xelela abafundi ukuba kulula ukuchaza into komnye umntu ukuba sisebenzisa amagama achanekileyo.
6. Namhlanje sizakuzama ukufumana nokusebenzisa amagama okuchazela abahlobo bethu ngento ethile.
7. Zekelisa esi sakhono kubafundi ngokuchaza into enye okanye ezimbini ozibonayo.
8. Chaza ukuba ubachazela ngombala, ngobume, ngobungakanani, ngendlela evakala ngayo mhlawumbi nobunzima bayo. Umzekelo:
   - Idesika yam imdaka. Ime buxande. Ibonakala inkulu kwaye inzima. Ivakala imtyibilizi.
   - Le glasi ibonakalisa nangaphaya. Ingqukuva. Incinci kwaye ikhaphukhaphu. Imtyibilizi kwaye iyamenyezela.
9. Emva koku, xelela abafundi ukuba nizakudlala umdlalo.
10. Abafundi baza kuza ngaphambili ngamaxesha, umfundi ngamnye ngexesha.
11. Kufuneka bazame ukufikelela ebhokisini, mabakhuphe into. Kufuneka baxelele iklasi ngalo nto.
12. Abanye abafundi mabaxele indlela into echazwa ngayo. Ukuba kukho iinkcukacha ezingachazwanga, iklasi ingafakela inkcukacha ekupheleni.
13. Cacisela iklasi ukuba xa ilithuba labo lokuthetha, bafanele ukuthetha cacileyo nangokuvakalayo, kwaye bazame ukuma bengagungqi.
14. Cacisela iklasi ukuba kubalulekile ukuhlala bengagungqi kwaye baphulaphule ngenyameko xa omnye umntu ethetha.

**Ukuhlola:**
1. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Izakhono zokuthetha ngokubanzi** | Umfundi akavakali kakuhle okanye ushukuma kakhulu. | 0 | Umfundi uyavakala kwaye uzolile. | 1 | Umfundi uthetha ngokucacileyo nangokuvakalayo, ebonakalisa inkangeleko. Umfundi ume akagungqi. | 2 |
| **Iimfuno zomsebenzi: umbala, ubungakanani, ubunzima, iimilo nezinye iinkcukacha.** | Umfundi uchaze inkalo enye okanye ezimbini ngokuchanekileyo. | 1-2 | Umfundi uchaze iinkalo ezintathu ngokuchanekileyo. | 3-4 | Umfundi uchaze iinkalo ezine okanye ezintlanu ngokuchanekileyo. | 5-6 |
| **Izakhono zokuphula phula** | Umfundi wenza ingxolo rhoqo okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha. | 0 | Umfundi uyangxola ngamanye amaxesha okanye uphazamisa abanye xa bethetha. | 1 | Umfundi ungumfundi othulileyo kwaye uyazola xa abanye bethetha. | 2 |

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 1 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **a, e**

15 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha :28 ezantsi , 29

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha:37

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

**Listening and Speaking**

Rhyme/song/game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | **2** | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Picture mind map

Sound **i**

15 min

Phonic Words

inani inaliti ina inki imali

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Form new letter


Letter **i**

30 min

Handwriting Words

isilo iliso isine ima inani

Handwriting Pattern:



Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha 32

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre and first read

15 min

Look and Say Words

sifike sikhuselekile ekhaya

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

DBE workbook

Sound **i**

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha :30,  31

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **3**

15 min

## Writing

**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso ukudlulisa / ukugqithisa umyalezo
- Ukubhala isihloko somfanekiso

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi zabafundi zokubhala neekhrayoni

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, baza kubhala ngento eyenzeke kubo esikolweni.
2. Cacisa ukuba baza kubhala ngabo, kuba ABABHALI BABHALA INTO ABAYAZIYO.
3. Cacisa ukuba uzakucinga ngento eyenzeke kuwe phambi kokuba ubhale, kuba ABABHALI bayacinga PHAMBI KOKUBA BABHALE.
4. Yithi: Ndiyayazi, Ndizakubhala malunga nokudlala nabahlobo bam phandle.
5. Sebenzisa UMFUZISELO xa uzoba ngamava akho.
6. Cacisa ukuba namhlanje, ababhali bazakufakela igama kwimizobo yabo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.

7. Yithi: Namhlanje uzakufakela isihloko / isihlokwana "mna" kumbhalo wakho.
8. Sebenzisa UMFUZISELO ubonise abafundi indlela yokufakela isihlokwana. Qinisekisa ukuba UKRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje uzakuCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
3. Khumbula, ufanele ukubhala ngawe kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
4. Khumbula ukuba namhlanje uzakufakela isihlokwana "mna," kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
5. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
6. Cacisa ukuba ababhali bafanele ukutyhila kwiphepha lokuqala elingabhalwanga ezincwadini zabo.

**Okubhalwayo:**
1. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo.
2. Yalela abafundi ukuba baqale ukuzoba imifanekiso yabo.
3. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
4. Ngelixa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa kukukhulisa ukuzithemba kwabafundi. Bafanele ukukhululeka xa bebeka ipeni ephepheni.
5. Xa abafundi bezobe ithuba elinga ngemizuzu engama 20, baxelele ukuba bayeke ukuzoba.Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

**Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama:Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ukusetyenziswa kwesithuba** | Umfundi ufumana ubunzima xa es-ebenzisa isithuba ngokufanelekileyo. Umfanekiso mnci-nane kakhulu okanye awukho kumphakathi wephepha. Okanye isihlokwana asibhal-wanga kwindawo efanelekileyo ephepheni. | 0 | Umfundi unolwazi olwamkelekileyo lokusebenzisa isithu-ba. Umfanekiso awukho mncinane kakhulu kwaye usem-bindini wephepha. Isihlokwana sibhalwe kwindawo efanele-kileyo ecaleni kom-fanekiso. | 1 | | |
| **Umsebenzi: Umfanekiso** | Umfanekiso awuphele-langa kwaye awunaz-inkcukacha. | 1 | Umfanekiso uphelele kwaye zikhona iinkcu-kacha ezibonakalayo. | 2 | Umfanekiso uph-elele kwaye ubon-akalisa iinkcukacha neentshukumo | 3 |
| **Umsebenzi: Isihloko** | Isihloko asiphelelanga kwaye sikhutshelwe ngokungafanelekanga. | 1 | Isihloko siphelele. | 2 | Isihloko siphelele kwaye sichanekile. Umfundi use-benzise imigca ukwahlula amag-ama. Isihlokwana sibhalwe kwindawo echanekileyo. | 3 |
| **Ubuchule bomsebenzi** | Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi | 1 | Umfundi uneengcinga ezizodwa. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala. | 2 | Umfundi uneengcinga ezizodwa nezibonakalisa ubuchule. Umfundi ubonakalisa ubuchule neengcinga ezizodwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi. | 3 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **O**

15 min

Phonic Words

oyena ovayo orenji odwa i-oyile

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

DBE workbook


Sound **o**

15 min

Handwriting Words

oomama oosisi ootata ona anoni

Handwriting Pattern:



Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha: 39- ezantsi, 40

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

## Shared Reading

Post read

150 min

DBE Workbook 1
Title: Sifike sikhuselekile ekhaya
Page: 62

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Ngoobani abafikileyo? |
| Bafike phi? |
| Ucinga ukuba kutheni behamba ngebhasi nje? |
| Ngumfanekiso wantoni ezantsi kwiphepha 62? |
| Xela inani / inombolo yomzi osemfanekisweni. |
| **Answers** |
| NgooFezi. |
| Ekhaya. |
| Kukude apho baya khona, bafuna ukufika bekhuselekile, nayiphi na impendulo efanelekileyo. |
| Ngumfanekiso wefowuni. |
| 6 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **o**

15 min

- Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
- Amaphepha :38, 39- phezulu

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **7**

15 min

**Writing**

**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa / ukudlulisa umyalezo
- Ukuthetha ngemifanekiso yabo ukudlulisa umyalezo
- Ukufunda isihlokwana kumaphepha abo

**Izixhobo ezifunekayo:**
- Iincwadi zabafundi ezinemizobo yangoLwesibini
- Umzobo wakho wangoLwesibini,uzotywe ebhodini

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco uqinisekise ukuba baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto ezidesikeni.

**Umfuziselo:**
1. Kwiveki ephelileyo, sifunde ukuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
2. Namhlanje sizakufundela umhlobo wethu esikubhalileyo.
3. Sizakwenza oku sisebenzisa UKUJIKA UTHETHE.
4. Xa ufundisa abafundi ngokuJIKA UTHETHE, biza umfundi omnye aze phambi kweklasi nencwadi yakhe.
5. Cacisela abafundi ukuba ugxa / umlingane ngamnye uzakufumana ithuba lokuthetha ngakubhalileyo.
6. Cacisela umfundi oze phambi kweklasi ngomsebenzi owubhalileyo.
7. Emva koko nika umfundi ithuba lokucacisa umzobo wakhe kuwe.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi ukuba batyhile kumzobo abawuzobe ngoLwesibini.
3. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufundela umhlobo umbhalo wabo kuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
4. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukuJIKA BATHETHE nomntu ohleli ecaleni kwabo, ngendlela owenze ngayo.
5. Xa abafundi BEJIKA BATHETHE, hamba hamba eklasini. Phulaphula kwizinto ezithethwa ngabafundi uze ubuze imibuzo.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster vocabulary

IPHAKATHI KWIGUMBI LOKUFUNDELA

10 min

**Assessment activity**

20 min

Poster Vocabulary

Isigama (Uluhlu lwamagama amatsha)
1. I-alfabhethi
2. Ibhegi exhonywa esitulweni
3. inkwenkwezi
4. Into embhoxo
5. Ukhuseleko endleleni.

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 3 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **i, o**

15 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha :33

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha: 41

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

**Listening and Speaking**

Rhyme/song/game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Picture mind map

Sound **u**

15 min

Phonic Words

uyeza uze uwile inunu iwulu

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Form new letter


Letter **u**

30 min

Handwriting Words

buza uvuyo lula ulusu umama

Handwriting Pattern:



Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha :43 ezantsi, 44

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre and first read

15 min

Look and Say Words

ULizo uluma iapile

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **u**

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha :42, 43 phezulu

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**
**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso ukudlulisa / ukugqithisa umyalezo.
- Ukukhuphela isivakalisi esinye seendaba ebhodini ngokuchanekileyo.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ibhodi netshokhwe.
- Iincwadi zabafundi zokubhala neekhrayoni.

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, baza kubhala ngento eyenzeke kumakhaya abo.
2. Cacisela abafundi ukuba bazakubhala ngabo, kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
3. Cacisa ukuba uzakucinga ngento eyenzeke kuwe phambi kokuba ubhale, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
4. Yithi: Ndiyayazi, ndizakubhala ngendlela endincede ngayo umama epheka isidlo sangokuhlwa.
5. Cacisa ukuba uzakukhetha into encinane eyonwabisayo ngelixa ubunceda umama wakho ngalo, kuba ABABHALI BANGQALA KWINTO ENYE ENCINANE.

6. Yithi: Ndiyayazi! Ndincede umama wam ngokuzamisa imbiza.
7. Sebenzisa UMFUZISELO xa uzoba into eyenzeke kuwe.
8. Cacisa ukuba, namhlanje, ababhali bazakufakela igama kwimizobo yabo, kuba ABABHALI BAYATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
9. Yithi: Namhlanje uzakukhuphela esi sivakalisi “Ndim lo.”
10. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokubhala isivakalisi. Qinisekisa ukuba UZAKUKRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Yithi: Ngoku lixesha lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje uzakuCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
3. Cinga ngento encinane eyenzeke kuwe ekhaya, kuba ABABHALI BANGQALA KWINTO ENYE ENCINANE.
4. Khumbula , kufuneka ubhale ngawe kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
5. Cela abafundi ukuba bavale amehlo abo bacinge.
6. Yalela abafundi aba 2-3 ukuba babelane ngeengcinga zabo neklasi.
7. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
8. Yalela abafundi ukuba batyhile kwiphepha lokuqala elingabhalwanga ezincwadini zabo.

**Bhala / Okubhalwayo:**
1. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elifanelekileyo na.
2. Xelela abafundi ukuba baqale ukuzoba imifanekiso yabo.
3. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
4. Khumbuza abafundi ukuba bakhuphele isivakalisi emaphepheni abo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
5. Ngelixa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa kukukhulisa ukuzithemba kwabafundi. Bafanele ukukhululeka xa bebeka ipeni ephepheni.

Xa abafundi bezoba isithube esingangemizuzu engama 20, baxelele ukuba bayeke ukuzoba. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

**Ukumaka:**
1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama:Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ukusetyenziswa kwesithuba** | Umfundi ufumana ubunzima xa es-ebenzisa isithuba ngokufanelekileyo. Umfanekiso mnci-nane kakhulu okanye awukho kumphakathi wephepha. Okanye isihloko asibhalwanga kwindawo efaneleki-leyo ephepheni. | 0 | Umfundi unolwazi olwamkelekileyo lokusebenzisa isithuba. Um-fanekiso awukho mncinane kakhulu kwaye usembindini wephepha. Isihloko sibhalwe kwindawo efanelekileyo ecaleni komfanekiso. | 1 | | |
| **Umsebenzi: Umfanekiso** | Umfanekiso awuph-elelanga kwaye awunazinkcukacha. | 1 | Umfanekiso uphelele kwaye zikhona iinkcukacha ezibon-akalayo. | 2 | Umfanekiso uphelele kwaye ubonakalisa iinkcukacha neentshukumo | 3 |
| **Umsebenzi: Isihloko / Isivakalisi** | Isivakalisi asiphele-langa okanye asikhutshelwanga kakuhle. | 1 | Isivakalisi siphelele. Amagama awohlul-wanga ngemigca okanye amagama awakhutshelwanga ngokuchanekileyo. | 2 | Isivakalisi siphelele kwaye sichanekile. Umfundi usebenzise imigca ukwahlula amagama. Isihloko okanye isivakalisi sibhalwe ngokufan-elekileyo. | 3 |
| **Ubuchule bomsebenzi** | Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi | 1 | Umfundi uneengcinga ezizodwa. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala. | 2 | Umfundi uneengcinga ezizodwa nezibonakalisa ubuchule. Umfundi ubonakalisa ubuchule neengcinga ezizodwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi. | 3 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **u**

15 min

Phonic Words

ululu ulusu ubuso umalume usile

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

DBE workbook


Sound **u**

15 min

Handwriting Words

uya usa uma uza ulala

Handwriting Pattern:



**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

## Shared Reading

**Post read**

15 min

DBE Workbook 1
Title: Ukutya ngendlela efanelekileyo
Page: 66

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Yintoni oyibona kulo mfanekiso? |
| Ngubani oluma i-apile? |
| Uluma ntoni uLizo? |
| Mangaphi amalungu olu sapho? |
| Ingaba kunempilo ukutya abakutyayo? Kutheni ucinga njalo nje? |
| **Answers** |
| Usapho, isidlo, ukutya / nayiphi na impendulo echanekileyo. |
| NguLizo. |
| I -apile. |
| Mane. |
| Nayiphi na impendulo echanekileyo. |

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

Own choice

Sound **u**

15 min

## Group Guided Reading Paired / Independent Reading

Group **7**

15 min

## Writing

**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso ukudlulisa umyalezo
- Ukuthetha ngemifanekiso ukudlulisa umyalezo
- Ukufunda izivakalisi abazibhalileyo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Iincwadi zabafundi ezinemizobo eyenziwe ngoLwesibini
- Umzobo wakho wangoLwesibini, uzotywe ebhodini

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Umfuziselo:**
1. Kwiveki ephelileyo, sifundile ukuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
2. Namhlanje sizakufundela umhlobo imibhalo yethu.
3. Sizakwenza oku sisebenzisa UKUJIKA SITHETHE, njengeveki ephelileyo.
4. Cela umfundi abemnye aze ngaphambili kweklasi nencwadi yakhe.
5. Cacisa ukuba ugxa / umlingane ngamnye uzakuthabatha inxaxheba ‘afunde’ akubhalileyo.
6. Cacisa umbhalo wakho kumfundi oze ngaphambi kweklasi.
7. Emva koko, nika umfundi ithuba lokucacisa umzobo wakhe kuwe.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi ukuba batyhile iincwadi zabo kwimizobo abayenze ngoLwesibini.
3. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufundela umhlobo /ugxa wabo imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
4. Cacisa ukuba abafundi bafanele UKUJIKA BATHETHE nomntu ohleli ecaleni kwabo, ngendlela owenze ngayo.
5. Xa abafundi BEJIKA BETHETHA, hamba hamba eklasini. Phulaphula kwinto ethethwa ngabafundi kwakunye nemibuzo.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster discussion

PHAKATHI KWIGUMBI LOKUFUNDELA

10 min

**Assessment activity**

20 min

## Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo neempendulo ezilindelekileyo)

1. Yintoni oyibona kule klasi engekho eklasini yakho? (Inja, iphini lebhola yeqakamba neebhola, iikhethini, ipowusta yokhuseleko endleleni, isinki, njalo njalo.)
2. Ungakunqwenela ukuba neklasi / igumbi lokufundela elinje? (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)
3. Nika isizathu xa uthe hayi / ewe? (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)
4. Ucinga ukuba abantwana abahleli etafileni benza ntoni? (Badlala ngeethoyi / izinto zokudlala nesanti.)
5. Ungakunqwenela ukwenza oko?
   Nika isizathu? (Nayiphi na impendulo efanelekileyo.)

**UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:**
Uthetha ngamava akhe: Indlela endaza ngayo ngosuku lwam lokuqala esikolweni

**Iziphumo zesifundo:**
Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukubonakalisa:

- Ukufunda indlela yokuchaza iimvakalelo zabo malunga nesehlo, baze banike nezizathu zeemvakalelo ezo.
- Ukwabelana ngeemvakalelo zabo malunga nosuku lwabo lokuqala esikolweni.
- Ukufunda baze baziqhelanise nezakhono zokuthetha ezifanelekileyo.
- Ukuphulaphula koogxa babo besabelana ngeemvakalelo zabo malunga nosuku lokuqala esikolweni.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Eyakho inkcazo elungisiweyo ngamava akho.
- Irubhriki nencwadi yokuhlola.

**Inkcazelo yesifundo:**
1. Cwangcisa abafundi ngendlela yokuhlala ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ingxoxo emfutshane malunga novakalelo. Buza abafundi ukuba yintoni ebonisa ubuso obonwabileyo, obuqumbileyo, nendlela abaziva ngayo.
3. Okulandelayo, chaza ukuba abafundi omnye nomnye achazele abanye ukuba baziva njani ngosuku lwabo lokuqala esikolweni, kwaye kwakutheni ukuze bazive ngolo hlobo.
4. Nje ngotitshala bonisa abafundi amabakwenze ngomzekelo.
5. Gxininisa kumagama abonakalisa iimvakalelo:
    - Ngomhla wokuqala esikolweni ndaziva ndinomdla kakhulu kuba ndandizakudibana nani nonke.
    - Ndandivuya / ndonwabile kuba ndiyakuthanda ukuba kwiklasi entsha yabafundi bebanga 1.
    - Ndandixhalabile ukuba abanye benu bazakuziva lusizi bakhale, kuba andithandi kubona abantwana abalusizi.
    - Ndandikhathazekile kuba kufanele ukuba ndishiye umama wam ongaphilanga ekhaya.
6. Khumbuza abafundi ukuba bame bangagungqi baze bathethe ngokuvakalayo ukuze abanye abafundi babeve xa bethetha.
7. Cacisela abafundi ukuba bayile into abazakuthetha ngayo ukuze bangaphindaphindi into enye amaxesha amaninzi.
8. Ekugqibeleni, yalela abafundi ukuba bahlale ngocwangco kwaye baphulaphule ngenyameko xa abanye abafundi bethetha.

**Ukuhlola:**

- Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
- Rekhodisha iziphumo kwincwadi yokurekhodisha uhlolo.
- Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Izakhono zokuthetha ngokubanzi** | Kunzima ukumva umfundi okanye ushukushukuma kakhulu okanye uyaziphindaphinda xa ethetha. | 1 | Umfundi uyavakala xa ethetha kwaye uzolile. Umfundi uziphindaphinda kube kanye kuphela. | 2 | Umfundi uthetha ngokucacileyo nangokuvakalayo. Umfundi uma angagungqi. Umfundi akayiphindi into ayithethileyo. | 3 |
| **Iimfuno zomsebenzi: inkcazelo yeemvakalelo nezizathu zeemvakalelo** | Umfundi uchaza imvakalelo enye nesizathu esinye. Okanye umfundi uchaza iimvakalelo ezimbini, kodwa akaniki zizathu. Okanye umfundi uchaza iimvakalelo ezimbini, kodwa akaniki zizathu. | 1-2 | Umfundi uchaza iimvakalelo ezimbini nezizathu. Okanye umfundi uchaza iimvakalelo ezintathu nangaphezulu okanye iimvakalelo ezingaphezulu, kodwa akaniki zizathu. | 3-4 | Umfundi uchaza iimvakalelo ezintathu nangaphezulu nezizathu. | 5-6 |
| **Izakhono zokuphulaphula** | Umfundi uyangxola rhoqo okanye uphazamisa abanye xa bethetha. | 0 | Umfundi uyangxola ngamanye amaxesha okanye uphazamisa abanye xa bethetha. | 1 | Umfundi ungumfundi othulileyo,ophulaphula ngenyameko, kwaye uyazola xa abanye bethetha. | 1 |

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 1 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **u**

15 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi
Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha: 45

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

**Listening and Speaking**

Rhyme/song/game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | **2** | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

# WEEK 6 MONDAY

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Picture mind map

Sound **m**

15 min

Phonic Words

mama mamela molo malume memeza

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Form new letter


Letter **m**

30 min

Handwriting Words

mema imizi misa imoto imela

Handwriting Pattern:



Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE 1 Iphepha :48

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre and first read

15 min

Look and Say Words

luma lam lala lolu

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **m**

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha: 46, 47

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**
**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuthabatha inxaxheba ekubhaleni ibali leklasi
- Ukuphulaphula izimvo zabanye abafundi

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ipowusta: Phakathi eklasini
- Itshati yebali

**Ukuzilungiselela:**
1. Xhoma ipowusta apho izokubonwa ngabafundi bonke.
2. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
3. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo

**Umfuziselo:**
1. Xelela Abafundi: Namhlanje sizakumamela size siyile ibali ngepowusta.
2. Khomba kumlinganiswa odlala ngeebhloko emethini.
3. Yithi: Lo nguThando. Ndizakunibalisela ibali endiliyilileyo ngoThando.
4. Fundela abafundi ibali lepowusta ngokuvakalayo nangokutyibilika:

UThando ugqibe umsebenzi wakhe kwangethuba. "Ewe!" wacinga uThando, "Ndizakudlala ngeebhloko!" Uthathe iibhloko waze wafumana indawo engenanto emethini. Uqale wapakisha iibhloko ngocoselelo. Uthe xa epakisha ibhloko yokugqibela phezu kwemfumba yeebhloko, uMpho, ofunda naye eklasini ubaleke esiya kwigumbi langasese. Akajonganga apho aya khona waze wamgila. Saa! Imfumba yonke yeebhloko yawa emhlabeni.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Xelela abafundi: Sigqiba kufunda ibali ngoThando. Ngoku sizakuyila ibali ngento eyonwabisayo kule powusta. Sizakwenza oku sisonke.
2. Khumbuza abafundi ukuba bafanele ukuphakamisa izandla xa befuna ukuthetha.
3. Buza abafundi: Yeyiphi eyona nto enika umdla kule powusta?
4. Mamela iingcebiso zabafundi.
5. Khethani into eninokubhala ngayo nabafundi. Umzekelo: abafundi ababaleka bejikeleza.
6. Yalela abafundi ukuba banike aba bantwana amagama (ababaleka bejikeleza) notitshala.
7. Yalela abafundi ukuba bacinge ngento eyenzeke phambi kokuba badlale.
8. Vumela abafundi abohlukeneyo bathathe inxaxheba ngokuthi banikele ngezimvo zabo.
9. Thatha isigqibo ngesivakalisi sokuqala. Umzekelo:

   "UNkskz uMoeng uxelele uKgomotso noTumi ukuba benze iimephu zengqondo." Biza esi sivakalisi ngokuvakalayo.

10. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
11. Biza into oyithethayo noyenzayo ngokuvakalayo.
12. Umzekelo:Ndizakuqala isivakalisi sam kulo mgca (khomba kumgca wokuqala), kuba siqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ngasekunene size sisuke phezulu ukuya ezantsi. Ndiqala ngonobumba omkhulu kuba kufuneka siqale ngonobumba omkhulu. Ngoku ndibhala "k", "s" no "z". Abo ngoonobumba baka 'Nkskz'. Kufuneka ndishiye isithuba ndize ndiye kumgca olandelayo phambi kokuba ndiqale igama elitsha… lithi Moeng. UMoeng- (gxininisa isandi esisekuqaleni) MMMoeng. UMoeng uqala ngo /m/ ngoko ke ndiyayazi ukuba uqala ngonobumba uM. Ngoku ndizakubhala u 'o'. Sesiphi isandi esilandelayo esisivayo? Ewe, ngu 'e' –sifunde esaa sandi kwiveki edlulileyo, akunjalo?
13. Bhala amagama kumgca ngamnye, uwabize ngokuvakalayo.
14. Funda isivakalisi, ukhombe igama ngalinye ngexesha ofunda ngalo: UNkskz. uMoeng uxelele uKgomotso noTumi ukuba benze iimephu zengqondo.
15. Buza abafundi: Ucinga ukuba kutheni abantwana

bengekho kwiidesika zabo nje?
16. Vumela abafundi abohlukeneyo ukuba bathathe inxaxheba ngokuthi banike izimvo zabo.
17. Thatha isigqibo kwisivakalisi sesibini. Umzekelo: “Intsimbi ikhalile. UKgomotso noTumi baxhumile.” Biza isivakalisi ngokuvakalayo.
18. Xa usithathile isigqibo ngezivakalisi, yenzela abafundi umfuziselo wokubhala izivakalisi, usebenzisa amanyathelo 8-14 kwakhona.
19. Buza abafundi: Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?
20. Vumela abafundi abohlukeneyo bathathe inxaxheba ngokuthi banike izimvo zabo.
21. Thatha isigqibo ngesivakalisi sokugqibela. Umzekelo: “UNkskz u Moeng wayenomsindo. Uxelele uKgomotso noTumi ukuba bacoce iklasi.” Biza isivakalisi ngokuvakalayo.
22. Xa ugqibile ngezivakalisi, yenzela abafundi umfuziselo wokubhala izivakalisi usebenzisa amanyathelo 8-14 kwakhona.
23. Xa ugqibile, fundani ibali lonke xa ninonke.
24. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
25. KHUTHAZA ABAFUNDI uze ubancome ngokuyila ibali.
26. Xhoma / bonisa ibali eligqityiweyo kwikona yokufunda.

**Ukuhlola:**

- Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
- Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
- Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Umsebenzi: Ukunikela ngezimvo zebali | Umfundi akazami nokuzama ukunikela ngezimvo. | 1-2 | Umfundi uyazama ukunikela ngezim-vo. Akazicingelanga izimvo kwaye az-ichanekanga. | 3-4 | Umfundi uthatha inxaxheba kwisifundo kwaye unezimvo ezibonakalayo. Izimvo zezomfundi kwaye zifanelekile. | 5 |
| Izakhono zokuphulap hula: | Umfundi uphazami-sa abanye abafundi kwaye uyangxola xa abanye bethetha. | 0 | Umfundi uphazami-sa aze angxole xa abanye bethetha ngamanye amaxe-sha. | 1 | Umfundi ungumfundi othulileyo, ophula-phulayo nozolayo xa abanye abafundi bethetha amaxesha amaninzi. | 2 |
| Ubuchule bomsebenzi | Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi. | 1 | Umfundi uneengcinga ezizodwa. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala. | 2 | Umfundi uneengcinga ezizodwa nezibonakalisa ubuchule. Umfundi ubonakalisa ubuchule neengcinga ezizodwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi. | 3 |

## Shared Reading

**Post read**

15 min

DBE Workbook 1
Title: Ukutya ngendlela efanelekileyo
Page: 66-67

| COMPREHENSION: |
| --- |
| **Questions** |
| Yintoni umfanekiso osezantsi kwiphepha 66? |
| Lwenza ntoni usapho etafileni? |
| Zoba izangqa kukutya okufanelekileyo kolu luhlu lulandelayo.( iilekese, amapere, ama-apile, iidiliya, iitshipusi) |
| Biza imifuno emithathu oyibona kwiphepha 67. |
| Ucinga ukuba ngomphi uLizo emfanekisweni? Ngoba? |
| **Answers** |
| Lilanga. |
| Luyatya. |
| Amapere, ama-apile, iidiliya. |
| Itswele, umbona, iitapile, iminqathe, njalo njalo. |
| Unxibe isikipa esiluhlaza, utya i-apile. / nayiphi na impendulo ehambelana nebali. |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **m**

15 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **7**

15 min

**Writing**

**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa / ukudlulisa umyalezo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ipowusta:  Phakathi eklasini
- Iincwadi zabafundi neekhrayoni
- Ibali eliyilwe neklasi ngoLwesibini

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Imiyalelo ye-Orali:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuphulaphula kwibali elibhalwe yiklasi ngoLwesibini.
2. Abafundi mabakhethe indawo enye ebalini abayithandileyo nabanqwenela ukubhala ngayo.
3. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko ebalini.
4. Fundela iklasi ibali ngokuvakalayo.

**Umfuziselo:**
1. Yithi: Ndifuna ukuchonga eyona ndawo ndiyithandileyo kweli bali phambi kokuba ndibhale, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
2. Khetha isivakalisi esinye ebalini, esinje ngesi: “UNkskz. uMoeng uxelele uKgomotso noTumi ukuba benze iimephu zengqondo.”

3. Yithi: Ndizakubhala ngo Kgomotso noTumi besenza iimephu zengqondo.
4. Sebenzisa UMFUZISELO xa uzoba umfanekiso wesivakalisi esisebalini.

**Bhala / Okubhalwayo:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO
2. Xelela abafundi ukuba bacinge ngento abazakuyibhala, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
3. Cela amavolontiya ama 2-3 ukuba bathethe ngento abazakubhala ngayo.
4. Yalela abafundi ukuba baqale ukubhala.
5. Xa abafundi bebhala, hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster vocabulary

PHAKATHI KWIGUMBI LOKUFUNDELA/
10 min
**Assessment activity**
20 min

Poster Vocabulary

Isigama (Uluhlu lwamagama amatsha)
1. Ikasi
2. Ivazi
3. Ibhrashi yepeyinti
4. Umsebenzi wobugcisa
5. (Isithunzi)

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 3 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **m**

15 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE Iphepha Iphepha 49

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

**Listening and Speaking**

Rhyme/song/game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | **2** | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Picture mind map

Sound **n**

15 min

Phonic Words

nanini inunu inene inaliti inani

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Form new letter


Letter **n**

30 min

Handwriting Words

nini nina naba unam

Handwriting Pattern:



Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha:52

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre and first read

15 min

Look and Say Words

uJabu ujikile

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

DBE workbook

Sound **n**

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha:50,51

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **3**

15 min

**Writing**
**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso xa begqithisa umyalezo.
- Ukubhala isivakalisi besebenzisa izandi eifundisiweyo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi zabafundi zokubhala neekhrayoni

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakubhala ngento eyonwabisayo eyenzeke kubo.
2. Cacisa ukuba bazakubhala ngabo, kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
3. Cacisa ukuba uzakucinga ngento eyenzeke kuwe phambi kokuba ubhale, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
4. Yithi : Ndiyayazi, Ndizakubhala ngomhla wam wokuzalwa.
5. Cacisa ukuba uzakukhetha into encinane ebalulekileyo neyonwabisayo eyenzekileyo, kuba ABABHALI BANGQALA KUMBA OMNYE OMNCINANE.
6. Yithi: Ndiyayazi! Ngomhla wam wokuzalwa, umama

wam undithengele ikeyiki. Uthe xa ekhupha ikeyiki, ndaculelwa lusapho lonke.

7. Sebenzisa UMFUZISELO xa uzoba into eyenzeke kuwe.
8. Cacisa ukuba, namhlanje, ababhali bafakela isivakalisi kwimizobo yabo, kuba ABABHALI BAYATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
9. Yithi : Namhlanje uzakuzama ukusebenzisa izandi zoonobumba xa ubhala amagama owaziyo.
10. Cacisa ukuba namhlanje, sizakuzama into entsha. Namhlanje sizakuBIZA IGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO size sibhale zonke izandi esizivayo.
11. Yithi: Ndifuna ukubhala la magama: Usapho lwam luculile.
12. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
13. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa ababhali indlela YOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO size sibhale zonke izandi esizivayo.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje NIZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA NIBHALE.
3. Cinga ngeyona nto incinane eyenzeke kuwe ekhaya,kuba ABABHALI BANGQALA KWINTO ENYE ENCINANE.
4. Khumbula , ufanele ukubhala ngawe kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
5. Yalela abafundi ukuba bavale amehlo abo bacinge.
6. Cela abafundi aba 2-3 baxelele iklasi ngeengcinga zabo.
7. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
8. Yalela abafundi ukuba batyhile kwiphepha lokuqala elingabhalwanga ezincwadini zabo.

**Bhala / Okubhalwayo:**

1. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi babhala kwiphepha elichanekileyo.
2. Yalela abafundi ukuba baqale ngokuzoba imifanekiso yabo.
3. Khumbuza abafundi ukuba bafakele amagama kwimizobo yabo besebenzisa izandi abazaziyo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
4. Khumbuza abafundi ukuba BABIZE IGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze babhale zonke izandi abazivayo.
5. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
6. Ngexesha lodliwano ndlebe, nceda abafundi BABIZE IGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze babhale izandi abazivayo.
7. Ngexesha lodliwano ndlebe yalela abafundi ukuba BAKUFUNDELE ABAKUBHALILEYO.

8. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa kukukhulisa ukuzithemba kwabafundi. Bafanele ukukhululeka xa bebeka ipeni ephepheni.
9. Xa abafundi bezobe isithuba esingange mizuzu engama 20, baxelele ukuba bayeke ukuzoba. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

**Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama:Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ukusetyenziswa kwesithuba** | Umfundi ufumana ubunzima xa esebenzisa isithuba ngokufanelekleyo. Umfanekiso mncinane kakhulu okanye awukho kumphakathi wephepha. Okanye isihloko asibhalwanga kwindawo efanelekileyo ephepheni. | 0 | Umfundi unolwazi olwamkelekileyo lokusebenzisa isithuba. Um-fanekiso awukho mncinane kakhulu kwaye usembindini wephepha. Isihloko sibhalwe kwindawo efanelekileyo ecaleni komfanekiso. | 1 | | |
| **Umsebenzi: Umfanekiso** | Umfanekiso awuphelelanga kwaye awunazinkcukacha. | 1 | Umfanekiso uph-elele kwaye zikhona iinkcukacha ezibonakalayo. | 2 | Umfanekiso uphelele kwaye zikhona iinkcu-kacha ezibonakalayo. | 3 |
| **Umsebenzi: Ukubhala amagama kusetyenziswa izandi ezifundiweyo** | Umfundi akazamanga ukufakela amagama kumfanekiso wakhe. | 1 | Umfundi ufakele oonobumba abathile kumfanekiso. Oonobumba bangangahambelani kakuhle nezandi. | 2 | Umfundi ubize izandi zamagama esebenzisa izandi ezifundiweyo. Amagama ephepheni abonakali-sa ukuba umfundi ubi-ze igama ngokucotha waze wabhala izandi azivileyo. | 3 |
| **Ubuchule bomsebenzi** | Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi. | 1 | Umfundi uneengcinga ezizodwa. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala. | 2 | Umfundi uneengcinga ezizodwa nezibonakalisa ubuchule. Umfundi ubonakalisa ubuchule neengcinga ezizodwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi. | 3 |

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound

Sound **n**

15 min

Phonic Words

inesi amanani naba oonesi nini

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **5**

15 min

**Handwriting**

DBE workbook


Sound **n**

15 min

Handwriting Words

inani inene nani inesi

Handwriting Pattern:



**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **6**

15 min

## Shared Reading

**Post read**

15 min

DBE Workbook 1
Title: Ukuphuma kwesikolo
Page: 70

| COMPREHENSION: |
|---|
| **Questions** |
| Kuthethwa ngabani kwesi sifundo? |
| Yintoni eyenziwe nguJabu? |
| Ucinga ukuba ebesenza ntoni uJabu ukuze ajike? |
| Benza ntoni abantwana abame efestileni? |
| Zeziphi izilo qabane ezijonge uJabu? |
| **Answers** |
| NgoJabu. |
| UJabu ujikile. |
| Ebedlala ibhola ekhatywayo / nayiphi na impendulo ehambelana nebali. |
| Babiza uJabu / nayiphi na impendulo ehambelana nebali. |
| Ikati nenja. |

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

Own choice

Sound **n**

15 min

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **7**

15 min

## Writing

**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso ukugqithisa umyalezo
- Ukuthetha ngomfanekiso ukugqithisa umyalezo
- Ukufunda amagama anezandi abawabhalileyo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Iincwadi zabafundi ezinemizobo yangoLwesibini
- Umzobo wakho wangoLwesibini, uzotywe ebhodini

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Umfuziselo:**
1. Namhlanje sizakwabelana / sizakufunda ngesikubhalileyo neklasi kuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
2. Namhlanje sizakujonga imizobo yethu size sixelele iklasi ngesikuzobileyo.
3. Khomba kumzobo wakho. Sebenzisa UMFUZISELO xa uchaza umzobo wakho uze ufundele abafundi amagama anezandi.

**Imiyalelo Ye-Orali:**
1. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufundela iklasi imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAKUFUNDA

ABAKUBHALILEYO.

2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi ukuba batyhile imizobo yabo yangoLwesibini.
4. Cela amavolontiya ama 2-3 afunde akubhalileyo.
5. Nika ithuba kumfundi ngamnye achaze akubhalileyo.
6. Cela abafundi bafundele iklasi amagama abo ezandi abawabhalileyo ngokuvakalayo .
7. Emva kokuba kugqibe ivolontiya ngalinye, cela iklasi ukuba iqhwabe izandla. Oku kukhulisa ukuzithemba.
8. Biza abafundi abaliqela babelane ngexesha elishiyekileyo.
9. Cela abafundi baqhwabe izandla emva kokuba kugqibe umfundi ngamnye.

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**
Group **8**
15 min

**Listening and Speaking**
Poster discussion

EKHAYA
10 min

**Assessment activity**
20 min

## Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo neempendulo ezilindelekileyo)

1. Sesiphi isandi esifundwa ngabantwana esikolweni? (a)
2. Uyazi njani loo nto? (Kukho imephu yengqondo ebhodini enamagama ano ‘a’.)
3. Jonga irobhothi kwipowusta yokhuseleko endleleni. Isixelela ntoni imibala eyahlukeneyo? (bomvu – yima; mthubi –lumka; luhlaza – hamba.)
4. Ingaba ucinga ukuba le klasi icocekile?Kutheni usitsho njalo nje? (Nayiphi na impendulo efanelekileyo.)
5. Ngowuphi umsebenzi obunqwenela ukuwenza? Kutheni? (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

**Umsebenzi wokuphulaphula nokuthetha**
Landelelanisa imifanekiso yebali uze ubalise ibali ngokulandelelana kwalo

**Iziphumo zesifundo:**

- Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukubonakalisa:
- Ukuphulaphula kwibali ngenyameko.
- Ukucwangcisa imifanekiso emithathu ngokulandelelana kwayo xa bebalisa ibali.
- Ukubalisela utitshala ibali kwakhona besebenzisa imifanekiso njengesikhokelo.
- Ukufunda baze baziqhelanise nezakhono zokuthetha ezifanelekileyo.
- Ukuphulaphula koogxa babo bebalisa ibali kwakhona.

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- 1 x ikopi yephepha elinomsebenzi womfundi ngamnye.

**Inkcazelo yesifundo:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco kwiidesika zabo neekhrayoni neencwadi zabo.
2. Funda okanye ubalisele abafundi eli bali lilandelayo:

   *Namhlanje utitshalakazi wethu usibalisele ngemithetho ekufanele siyilandele kwigumbi lethu lokufundela.Uthe kufanele ukuba sikhathalelane kwaye sithandane. Uthe akulunganga ukudlala ngaphakathi kwigumbi lokufundela. Sithe sisamamele njalo kwangena uMrs Nkosi emnyango wathetha notitshalakazi wethu. Bathethe ixesha elide kakhulu.Siye sonke singabafundi saziva sidiniwe yile ncoko yabo. UJabu, USipho kunye noShonisani baqalisa ukudlala egumbini lokufunda bexhuma xhuma. Utitshalakazi wethu wacaphuka kakhulu sesi senzo. UJabu, uSipho and noShonisani bafumana isohlwayo ngesenzo sabo ukuba bangaphumi ngexesha lesidlo bahlale ngaphakathi baze balale ezidesikeni zabo.*

3. Nika umfundi ngamnye icwecwe lomsebenzi / iphepha lokusebenzela okanye ncamathisela imifanekiso ebhodini ukuze bonke abafundi babone.
4. Nika abafundi le miyalelo ilandelayo:
   a. Bhala umhla ezincwadini zenu.
   b. Dwelisa imifanekiso ngokulandelelana ubhale inombolo 1, 2, 3.
   c. Sika umfanekiso ngamnye uwukhuphe.
   d. Ncamathisela imifanekiso ngaphantsi ngokuchanelekileyo.
   e. Fakela imibala kumfanekiso
5. Okulandelayo cacisela abafundi ukuba ngethuba besebenza ngokuzolileyo, uyakubabizela kwitafile yakho ngababini bazokubalisela malunga nebali elo.
6. Ngethuba ubabizela kuwe ngambini, bacele ukuba beze nencwadi zabo ukuze uzikorekishe usayine.
7. Njengokuba besiza ngambini kuwe, bacele ukuba bakuxelele imifanekiso ngokulandelelana, bacele baphinde babalise ibali.
8. Banike ngokwahlukeneyo amathuba okuthetha, cela umfundi omnye ukuba aqalise ze umyekise ucele omnye aqhubeke.Jonga ukuba bayavumelana ngemibono.
9. Bakhumbuze ukuba bafanele ukuphulaphula ngenyameko koogxa babo

**Ukuhlola:**
1. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Rekhodisha iziphumo kwincwadi yokurekhodisha uhlolo.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

| Inqanaba Lokuhlola | Usebenza ngokungekanelisi | | Usebenza ngokwanelisayo | | Usebenza ngokugqwesileyo | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **Izakhono zokuthetha ngokubanzi** | Kunzima ukumva umfundi okanye ushukuma kakhulu okanye uyaziphindaphinda xa ethetha. | 1 | Umfundi uyavakala xa ethetha kwaye uzolile. Umfundi uziphindaphinda kube kanye kuphela. | 2 | Umfundi uthetha ngokucacileyo nangokuvakalayo. Umfundi uma angagungqi. Umfundi akayiphindi into ayithethileyo. | 3 |
| **Imfuno yomsebenzi: ukubalisa indawo yebali ngokulandelelana okuchanekileyo.** | Umfundi uyakwazi ukuchonga ukulandelelana kwebali ngokukhomba imifanekiso. Umfundi ufumana ubunzima xa ebalisa ibali. | 1-2 | Umfundi uyakwazi ukulandelelana kwebali. Umfundi ubalisa indawo yebali ngaphandle kweenkcukacha. | 3-4 | Umfundi uyakwazi ukulandelelanisa ibali kwaye ulibalisa ngokuchanekileyo. | 5-6 |
| **Izakhono zokuphulaphula** | Umfundi uyaphazamisa xa ugxa wakhe ethetha. | 0 | Umfundi uyaphazamisa okanye uyangxola ngamanye amaxesha xa umlingane ethetha. | 0 | Umfundi ungumntu othulileyo, uyaphulaphula,kwaye uzolile xa ugxa wakhe ethetha. | 1 |

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 1 kwezi 4.

| 1 | 2 | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

Own choice

Sound **n**

15 min

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **9**

15 min

**Writing**

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1
yeDBE
Iphepha:53

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **10**

15 min

**Listening and Speaking**

Rhyme/song/game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho.** Esi sisifundo 2 kwezi 4.

| 1 | **2** | 3 | 4 |
|---|---|---|---|

**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

**Phonics**

New sound
Picture mind map

Sound **c**

15 min

Phonic Words

icici cula cela coca cima

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **1**

15 min

**Handwriting**

Form new letter


Letter **c**

30 min

Handwriting Words

caca iculo camagu amacici ecaleni

Handwriting Pattern:



Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Iphepha:56

**Group Guided Reading**
**Paired / Independent Reading**

Group **2**

15 min

**Shared Reading**

Pre and first read

15 min

Look and Say Words

Ukuphuma kwesikolo

## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI
- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.

## Phonics

DBE workbook

Sound **c**

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 yeDBE
Amaphepha:54,55

## Group Guided Reading
## Paired / Independent Reading

Group **3**

15 min

## Writing

**GR.1**

15 min

**Iinjongo**
**Abafundi bafanele ukwazi:**
- Ukuzoba umfanekiso xa begqithisa umyalezo.
- Ukubhala isivakalisi besebenzisa izandi ezifundisiweyo

**Izixhobo Ezifunekayo:**
- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi zabafundi zokubhala neekhrayoni

**Ukuzilungiselela:**
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.

**Umfuziselo:**
1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, sizakuziqhelanisa nendlela YOKUBIZA IGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO nokubhala zonke izandi esizivayo.
2. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakubhala ngento eyenzeke kubo nabahlobo babo.
3. Cacisa ukuba bazakubhala ngabo, kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
4. Cacisa ukuba uzakucinga ngento eyenzeke kuwe phambi kokuba ubhale, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
5. Yithi: Ndiyayazi! Ndizakubhala ngomhlobo wam uPalesa.
6. Cacisa ukuba uzakukhetha into encinane

eyonwabisayo eyenzeke kuwe nomhlobo wakho, kuba ABABHALI BANGQALA KWINTO ENYE ENCINANE.

7. Yithi: Ndiyayazi! Ndizakubhala ngethuba mna noPalesa safumana ngalo isele ngaphandle kwakowabo.
8. Sebenzisa UMFUZISELO xa uzoba ngento eyenzeke kuwe /ngamava akho.
9. Cacisa ukuba, namhlanje, ababhali bazakufakela igama kwimizobo yabo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
10. Yithi: Namhlanje uza kusebenzisa izandi zoonobumba uzame ukubhala amagama owaziyo.
11. Namhlanje sizaKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO zazo zonke izandi esizivayo.
12. Yithi: Ndifuna ukubhala amagama: Sifumene isele.
13. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
14. Sebenzisa UMFUZISELO ubonise ababhali indlela YOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze babhale izandi abazivayo.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

